


## Iindidi Ezintathu Zamakholwa

 Masithobe iintloko zethu. Iintloko zethu zithotywiwe, kwaneentliziyo zethu, ingaba bangaphi abathanda ukukhunjulwa emthandazweni, uyakuphakamisa nje isandla sakho, uthi, “Nkosi, ndikhumbule, Owu Nkosi.” Zininzi izicelo ezikhoyo apha, iitshefu ezibekwe apha edesikeni.

<sup>2</sup> Bawo waseZulwini othandekayo, sihlanganisene kwakhona ngolu rhatya phantsi kolu phahla, apho Wena uhlangele nathi khona ngamaxesha amaninzi, waze Wabonakalalisa uthando lwakho kuthi; njengokuba sizama ngeendlela zethu ezithobekileyo ukubonakalalisa olwethu uthando nombulelo kuWe, ngoko Usenzele kona. Kwaye ngokuhlwanje siyeza kwakhona, Nkosi, njengabantu abaneentswelo, kuba sahlala njalo siKuswele. Kwaye okoko siselapha emhlabeni, siyazi ukuba siyakube silila, kuba sisedabini. Kwaye si...Idabi liyagquba, ube Wena wasithembisa waxela indlela eliyakuthi ngayo utshaba lube njengengonyama egqumayo. Lukhululwe phakathi kwabantu, kwaye silubona kuyo yonke indawo, njengengonyama egqumayo eginya lowo inokuba nako, ngokuba luyazi ukuba ixesha lalo lifutshane. Kodwa sino—sino—sinoBawo okhathalayo ngabaKhe abancinane, kwaye sibalekela kuWe kunye nezicelo zethu, kusihlwa nje, Nkosi. SiyaKuthandaza ukuba usiphe zona.

<sup>3</sup> Nezi tshefu zilele apha, Bawo, zithetha ukuthi kukho abantu abagulayo kwindawo ethile elizweni, ababiza beKuswele, bekholwa kuWe, ukusebenzisa ukholo lwabo apha ngokuthumela ezi tshefu. Thixo, yenza ukuba ngamnye kubo aphiliswe.

<sup>4</sup> Siyawabona amandla aKho, Nkosi, kwimizuzu nje embalwa edlulileyo phaya kwela gumbi, ebuyisela inkumbulo egqibeleleyo kwinkwenkwe ebilahlekile. Sibona amandla aKho, kwixesha nexesha, egxotha ukugula etyhila intliziyo, ebonisa abantu, ebabeka kulungelelwano oluthe ngqo. SiyaKubulela Nkosi Thixo, kuba oko kungaphaya kwakhe nawuphi na umntu. Kungaphaya kwayo nantoni na nabani na kuthi anokuyazi, indlela Wena onokutyhila ngayo kwa unobangela, nokuthe kwenza loo nto, nendlela ekuyiyo. NguWe lowo, Bawo. Kwaye siyazi, ukuba, “ILizwi liphengulula intliziyo, linguMcaluli weengecingane nezicamango zentliziyo,” ngoko siyaKubulela ngenxa yoku.

<sup>5</sup> Kwaye ngoku, Nkosi, siyakholwa ukuba abantu ngoku, bethobe iintloko zabo, bacinga ngezi zinto, kwaye nguMoya oyiNgcwele othetha nabo. Uze usiphe ukuba ngazinye

kwizicelo zabo zibe nokuphendulwa. Sindisa abanokusindiswa, Nkosi, ngokuhlwanje. Abalahlekileyo, banga bangangena basindiswe.

<sup>6</sup> Sinombulelo kangako ukubona enkulu, imfumba ebheke phezulu yempahla emanzi phaya, sisazi ukuba ingcwaba livuliwe; ukuze umntu omdala wesono abe ungcwatywe, kwabaninzi babo. Kwaye ndiyaKubulela ngaloo nto, Bawo. Kwaye baingangahamba beinobutsha boBomi, yonke imihla yabo eseleyo. NgeGama likaYesu Kristu, siyaKucela. Amen.

<sup>7</sup> INkosi inisikelele, inike izicelo eninazo entliziyweni ukuba ziphendulwe.

<sup>8</sup> Ngoku, ndiyakholwa ukuba uBilly uthe uMzalwana uWheeler unosana oluncinane. Ingaba kunjalo? Ndenze impazamo apho, oluzakusikelelwa, okanye into enjalo, okanye ukunikezelwa. [UMzalwana Neville uthi, “Ndiyakholwa ukuba bekukho iintsana ezintathu okanye ezine.”—Mhl.] Kulungile. Ukuba ningathanda ukuzizisa ngoku, singavuya; ukuba amadoda amakhulu angeza ngaphambili, abeke izandla zawo phezulu kwabo bafo bancinane, ukwenzela inkonzo yonikezelo. Kwaye sizakuzama ukuba bafutshane nje. Kwaye sifuna aba bafo bancinane, bafuna ukuza kwiNkosi uYesu, bafuna ukuzisa awabo—awabo amatye anqabileyo amancinane athe uThixo wabapha wona. Sihlala njalo sizama ukubenzela indlela, ngokuba asiyazi into equlethwe lingomso.

<sup>9</sup> Umama wayedla ngokundixelela ukuba, “Musa ukukubekela bucala, ngomso, oko kunokwenziwa namhlanje.” Injalo loo nto, kuba awuyazi into equlethwe lingomso, kodwa siyazi ukuba nguBani na ophethe ingomso. Nantso indawo eyintloko. Siyazi ukuba nguBani na ophethe ingomso.

<sup>10</sup> Mzalwana Wheeler, iNkosi uThixo ikusikelele. Kwaye lo nguDade Wheeler. Ndiyavuya ngenene ukuhlangana nawe. Kwaye ndi...lilungelo elikhulu kum, okokuqala, ndiyakholwa, ngokokwazi kwam, ukuhlangana nawe. Eli ke lusana lweni. Ngubani igama lalo? [UDade Wheeler uthi, “NguCarlena Rebeccah.”—Mhl.] Carlena Rebeccah. Kulungile, intombazana entle encinane le, intle kangangoko kunokuba njalo. Ngoku, Carlena Rebeccah omncinane Wheeler.

<sup>11</sup> UMzalwana Wheeler ungomnye wamadikoni ethu apha enkonzweni, kwaye uThixo ukusikelele ukumanyana kwabo, ngalo mncinane. Ndiyakholwa ukuba ninawo, malunga, ndiyazi, amanye amabini amantombazana, aninawo? [UMzalwana Wheeler uthi, “Mathathu.”—Mhl.] Amathathu amantombazana angamanye. Angamanenekazi alungileyo ngenene, ndiyaqonda, kwaye ndithandaza kangako ukuba uThixo amenze uRebeccah omncinane abenjengabaya kanye. 'Yabona? Ukuze oko kube kukwaneliseka kuni nonke, akuyi kubanjalo? Kulungile, kuba bangabantwana abalunge kakhulu.

<sup>12</sup> Andazi nokuba uyakuvuma na ukuba ndimbambe okanye hayi, kodwa, ukuba akavumi, sizakubeka izandla phezu kwakhe. Ungathanda ukuza ngapha kum, Rebeccah? Uyafuna ndikubambe? Kulunge kakhulu oko. Tintombazana entle encinane le!

Ngoku masithobe iintloko zethu.

<sup>13</sup> Bawo waseZulwini onenceba, njengokuba simi apha phambi kwalo mdikoni, kusihlwanje; kwaye ngenene ubambe isikhundla esilungileyo, kuba umdikoni umelwe ukuba ngongenakukhalazelwa, indoda yamfazi mnye, elulawula usapho lwakhe ngokukuko. Kuba, ukuba akakwazi kulilawula usapho lwakhe, angayilawula njani indlu kaThixo? Kwaye siyaKubulela ngokuba lo Mzalwana abe ukwazile ukuhlangabezana nezo mfuno, kwaye sifumana kuye uMoya kaThixo.

<sup>14</sup> Ke uzisa ngoku usana lwakhe oluncinane oluyintombazana apha, ukuba lunikezelwe. Ubeke lona kwingalo zabo ukuze balukhulise. Thixo, kwaye indlela esinombulelo ngayo, ukuba sinokuthi, umnqweno wabo kukuba afane nabanye oodade wabo. Siphe, Bawo, ukuba oku kube njalo. Kwaye wanga lo mntwana angaphila a—abe ngokukhonza ngokukhulu Wena, Bawo. Ke ngoku, eGameni likaYesu Kristu, sinikela olu sana kuWe ukwenzela ubomi benkonzo. Lwenze luphile, lomelele; kwaye lwanga lungaphila ubomi obude, ade uYesu abuye, ukuba kunokwenzeka. Kwaye ngoko, Bawo, siyakholwa ukuba uyakukhulela ekuhlonipheni uKristu. Kwaye sinikela ubomi balo kuWe, ukwenzela ubomi bokukukhonza. Amen.

<sup>15</sup> UThixo akusikelele, Rebeccah. UThixo akusikelele, Mzalwana Weeler noDade Weeler kananjalo. INkosi ibe nani.

<sup>16</sup> Uphila njani? Ngoku nantsi enye intombazana encinane enoncumo olukhulu ebusweni. Ngubani ke igama layo? [Unina uthi, “NguRhonda Renee Coates.”—Mhl.] Rhonda Renee Coates ingaba kunjalo? Ingaba niyahlobana kwaJesse nabanye, uJesse Coates? [“Hayi.”] Bendicinga nje...Ndandisazi abantu abathile bakwaCoates apha edolophini. Ndandibazi kakhulu kakhulu, kwaye babe—babenga bahlobo bam i—ixesha elide.

<sup>17</sup> Rhonda, Rhonda Renee. Ingaba uyakuvuma ukuza ngapha kum, Rhonda? Ndi—ndizakukubuyisela kumama wakho, nje ukuba sikunikele kwiNkosi uYesu. Ngoku, ulunge ngenene!

Ngoku masithobe iintloko zethu.

<sup>18</sup> Bawo waseZulwini, njengokuba indoda enkulu yaKho nam kwaye ndimi ngokuhlwanje ngokuhlangeneyo, ngokuvumelana nangolungelelwano kwiVangeli, lo mama uzisa lo Rhonda Renee mncinane kuWe ukuza kumnikezela. Umbeke ezingalweni zakhe, ukuba amkhathelele, kwaye into yokuqala anokuyenza kukumzisa ambuyisele kuWe. Njengokuba uYobhi

wakudala watshoyo, yiNkosi esinika ezi zinto. Kwaye siyathandaza, Thixo, ukuba Umgcine ngokukhuselekileyo kude kube yiloo yure apho Wena uyakususa. Kwaye, Thixo, siphe ukuba aphile ubomi boBukristu abe ngumzekelo kwabanye, ekukhuleni kwakhe. Sikelela ikhaya lakhe, kwaye langa lelinikezelwe kuWe, ngenkonzo ezeleyo, neentliziyo zenyano. Ke ngoku, Thixo, siKunika uRhonda Renee Coates omncinane, eGameni likaYesu Kristu, ukwenzela ubomi bokukhonza. Amen.

Ulunge kakhulu! UThixo akusikelele, dade.

<sup>19</sup> Uphila njani? [Udade uthi, “NguRobert Paul Shammel.”—Mhl.] Robert Paul Shane. [“Shammel.”—Mhl.] Shammel.

<sup>20</sup> Kulungile, kunokuthini ukuba...Kwaye usemtsha noko, andicingi ukuba unokuvelisa ingxoxo eninzi ngale nto. Musa ukundihleka ngolo hlobo. Khangela apha, ukuba unento ofuna ukuyihleka. Robert Paul, ligama elimnandi kanjani elo!

Masithobe iintloko zethu.

<sup>21</sup> Thixo, njengokuba le ntombazana iselula isiza apha; nje, kuthi, iyakuba ngumntwana. Kwaye yona inikela ubomi bale nkwenkwe yayo incinane, Owu Thixo, njengobomi benkonzo kuWe. Sisiqhamo neziphumo zomanyano lwabo. Ndiyathandaza, Thixo, njengekuba indoda enkulu yaKho nam ndibeka izandla phezu kwalo mfo mncinane, ukuze ubomi bakhe bube bobunikezelwe kuWe. Siphe, Nkosi, ukuba kukho ingomso, ungangathwala uMyalezo lowo a—abazali bakhe bawuphulaphuleyo, Thixo. Siphe oko. Kwaye ndiyathandaza ukuba Ulisikelele ikhaya labo, kwaye wanga lo mntwana angakhuliselwa ekuhloneleni uThixo, aze abe ngu—ngumdisipile onothando waKho. Simnikela kuWe eGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>22</sup> Kulungile, u—uyenye nje inkwenkwe elungileyo. Kuphelele apho. Ewe, mhlekazi. Akukho nto iyenye unokuyicela elunge ngokungaphezulu, ingakhona? Akukho nto ehlabathini enokuba yelunge ngokungaphezulu, kunjalo, kunalaa mfo mncinane. Uncume! Oko kulunga? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>23</sup> Kuphela kwexesha apho inkosikazi yam ibanomona ngalo ngomsebenzi wam, ukubamba ezo ntsana. Iyathanda ukuzibamba. Kwaye ndiyathanda, nam, kodwa ndihlala ndisoyika ngokungathi ndiyakubaphula. Banjalo, uyazi, bayathandeka bekhangeleka be—ethe—ethe, kodwa, uyazi, ba—bangabomeleleyo eneneni kunokuba besinokuba njalo.

<sup>24</sup> Ngoku, bendinixelele ukuba ndizakuphuma...Kulungile, ndinamashumi amathathu anesihlanu emizuzu kuphela. Kuza kufuneka ndikhawulezise, kunjalo? Masibone. A—a—andithethi

uku—ukukhupha isigqibo esingesiso nakweyiphi na into, okanye ukuthetha nantoni na ngokuphosakeleyo, kodwa ndizakuzama ngokukhulu ngenene, ngokuba... Uyazi, emva kokuba sesihambe senyukela phezulu e—endleleni, asi—asisaququzeli njengokuba sasikade sinjalo, uyazi. Iimayile ngamanye amaxesha ziba rhabaxa, iinkonzo ezimbini okanye ezintathu ngemini, kuba...

<sup>25</sup> Kwaye eyona nto iphambili yenzekayo, yiloo mibono. Ukushumayela akundenzakalisi. Bethu, ndingema apha imini yonke, oko akundihluphi, kodwa ndi... Kodwa loo mibono nje, kwaye xa abantu bekolo dliwano-ndlebe, nantso into abamelwe ukuba nayo. 'Yabona? Nantso into abazele yona. Yinto engayikuthi ipheliswe nje ngokubekwa izandla. Imelwe kukuyazi incambu, ukuqaleka kwayo, ukuba yintoni unobangela wayo, yintoni eyenzileyo, ukuze ke ibekukuba ungenza ntoni ukuze uphume kuyo. Nantso into abazele yona.

<sup>26</sup> Ngoku, inkonzo iyaqala, ingomso mnye ngokuhlwa... okanye, hayi, uxolo, ingokuhlwa ngoLwesithathu, eShverepport, eLouisiana. Kwaye ukuba nabani na kuni unabahlobo abakufutshane phaya, kuba, baxecele ukuba beze. KwiLife Tabernacle, ndiyacinga, kulapho i—iqalisa khona, ngaphandle kokuba iye yaphaya kwiholo enkulu ngaphesheya, ukuba banokuyifumana, ntoleyo ibanika indawo ethe chatha kancinane. Kodwa banalo ungqameko olukwigumbi eliphezulu, nomgangatho lowo uphakathi omkhulu, ukuze kubekho umgangatho osezantsi ngaphantsi kwayo. Ngoko, andazi ukuba bangaphi na kanye abanokubahlalisa, kodwa yi... Ukuba kube kubi kakhulu, mhlawumbi singafumana iholo enkulu ngaphesheya nje ukusuka kuyo, yona iyakuthi... Andazi nokuba bangaphi na enokubahlalisa, nayo. Ndakhe ndaneenkonzolo phaya, kodwa andisakhumbuli. Le yi—yingqungquthela yonyaka.

<sup>27</sup> Kwiminyaka emithathu edlulileyo ndandiphaya ezantsi, saze saqala imvuselelo, eGameni leNkosi, kwaye ayizange iphele, ukusuka ngoko. Ihlala iqhubeka nje, ngokuqhubeka nje; yonke imihla, abantu bayangena, bayasindiswa, babhaptizwe, beqhubela phambili eNkosini, ngolo hlobo, abalungiseleli nayo yonke into iyangena kanye. Kwaye thina nje... Okoko nje iqhubekela phambili ngolo hlobo, kwaye ndiyahlala apha, ndifuna ukuyityelela lonke ixesha, ndize ndifake nje amazwi am ambalwa ndi—ndiqhubele phambili.

<sup>28</sup> Ngoku, yona iyakuqala ngoLwesithathu, iphele ke ngeCawe. Isidlo sakusasa saMadoda angooSomashishini baMakristu... Andi... ndiyalilibala igama lala hotele... Ndiyakholwa ukuba yi... ibizwa ngokuba... Bona, baya kukuxelela wakufika phaya. Sisidlo sakusasa samMadoda angooSomashishini.

<sup>29</sup> Sibe nexesha elimnandi apho, kuni boosomashishi balapha, ngethuba lokugqibela ukuba phaya. INkosi yasindisa abo—urabi, kwesa sixeko. Kwaye, owu, andiyazi into ethe yenzeka. Ibilithuba elimnandi eNkosini, apho, sishumayela ngeGazi loMnqophiso. Ngoko thina. . . Yiloo nto amaJuda aziyo ngayo; ligazi. “Ngaphandle kokuphalazwa kweGazi akukho ukuxolelwa,” uyabona.

<sup>30</sup> Ngoku masiye eLizwini, kwaye ndiyakwenza ngako konke endinako ukugcina endikuthethileyo kuni.

<sup>31</sup> Ke ngoku, ukuba iNkosi ithandle ngoku, ngeCawe emva kweKrisimesi, ukuba nikwiholide zenu niqhubeka nijikeleza, kube kungamtyibilizanga nayo yonke into, kuba, ni—nilapha kufutshane, kuba, ngenani. Kwaye sizimisele ukuba nenkonzo apha kusasa ngeCawe, ye—ye—yeCawe esemva kweKrisimesi. Ngumhla wesingaphi ngoko? [Kukho umntu othi, “Ngowamashumi amabini anethoba.”—Mhl.] Amashumi amabini anesithoba, ngumhla wamashumi amabini anesithoba, kwaye leyo yiCawe esemva kweKrisimesi, umhla wamashumi amabini anethoba. Ngoku, ukuba kukho into eyenzekileyo esinokuthi, into ethile, asiyikubanakho, ukuze singabikho apha. . . Akukho nto siyaziyo ngengomso, uyazi. Kodwa ukuba kukho into eyenzekileyo, kuba, kuni bahlala ngaphandle kwedolophu, nize ningene, njengaba bavela ezantsi eMemphis. . .

<sup>32</sup> Bendifuna ukuva uMzalwana u-Ungren ecula u-*How Great Thou Art*. Kwaye andingekhe. . . Ingaba ukho ngokuhlwanje?

<sup>33</sup> Kwaye, ngoko, kwaye ndihlala ndinezinto ezininzi njalo, andinakho ukuzenza zonke, andinakho ukuzenza khona. UThixo anisikelele, nina bantu.

<sup>34</sup> Ngoku masityhile eZibhalweni ngoku sifumane nje u—ukufundwa kweSibhalo esincinane. Apho, ukuba amazwi am athe asilela, Eli alingekhe. Ukuze ke uThixo anisikelele ngenxa yokuba nihleli, nisenzela nje ukuphulaphula iLizwi laKhe. “Ukholo luza ngokuva, ukuva iLizwi likaThixo.” Ingaba kunjalo? Ngoku bendicinga. . . Ngelithuba, nityhila kuYohane oNgcwele isahluko se-6, siqala ngomqolo wama-60, sifunde owama-71, nawo. UYohane oNgcwele 6:60.

<sup>35</sup> Ngoku bendicinga, njengokuba bendikhangele phandle ngefestile kumzuzwana odlulileyo, ndikhangele ukutshona kwelanga ndibona ukuba yonke indalo inomthetho. Kwaye xa ubusika bungena, umthetho, ngokuzenzekela, owendalo, ubalekisa incindi ihle iye kungena ezingcanjini zomthi. Uyangwaba.

<sup>36</sup> Njengokuba uYobhi watshoyo, “Owu, ukuba Ungandifihla engcwabeni, ukuba ungandifihla kwindawo enqabileyo ude udlule umsindo waKho.” Kwaye ngoku oko kukuthi, “Ukuba

Ungandifihla!” ’Yabona, wabona i—indalo, umthi, ubomi buyehla bungene ezingcanjini; Mzalwana Way. “Ndize ndihlale apho ude umsindo udlule, uze ke undibize undihlalise kwixesha.” ’Yabona?

<sup>37</sup> Indalo inomthetho. Kukho umthetho wendalo; akukho ndlela yakujikela ngaphaya kwawo. Ngumthetho wendalo. Ukuze ke kubekho umthetho womoya; ukho, nawo, akukho ndlela yakujikela ngapha kwawo.

<sup>38</sup> Bendithetha nesibini esithile ngale njikalanga, malunga, nokuba awunako ukutshabalalisa nantoni na. Abantu abanako ukutshabalalisa kuphele. Banganako ukudiliza kodwa hayi ukutshabalalisa. Kwaye umntu othile wathi, “Kulungile, uthini malunga nokuthabatha utshise isiqwenga sephepha, ingaba loo nto iyalitshabalalisa?” Hayi, mhlekazi. Oko kwaphula nje kwahlule amachiza, ubushushu bomlilo. Libuyela emva kwimimoya, kwinto ebeliyiyo ekuqalekeni Awunako ukutshabalalisa. Kwaye ukuba ihlabathi limi ithuba elide ngokwaneleyo, loo mimoya minye, loo—loo machiza ayekwelophepha, ayakubuyela emva abe sisiqwenga sephepha kwakhona. Kuchanekile oko. Awunako ukutshabalalisa. Ngokuchanekileyo.

<sup>39</sup> UThixo, ngoko. Ukuba kukho uvuko kwinto yonke, ibuyele kwakhona, kungekho kutshabalalisa, kukho uvuko lwamalungisa, ewe, simelwe kukuba sibuye. Nantso into ekhoyo ngaloo nto. Akukho ndlela iyenye konke yakuyenza. Akunamsebenzi nokuba utshisiwe na, ukuba urhaxiwe, nokuba kwenzeke phi na oko, abanakutshabalalisa.

<sup>40</sup> Khumbula nje ukuba lonke ilungu lakho lalikhlo, ngethuba uThixo wathetha ihlabathi lakho. Wabeka umzimba wakho kanye apha ngoko. Kwaye akukho nto inokuwususa ngaphandle koThixo. Konke kubuyele ezandleni zaKhe kwakhona. ’Yabona? Kwaye Yena nguye Lowo—Lowo, u—uMdali, yayinguye Lowo Wenza elo dinga, ngoko siqinisekile ukuba bukho uBomi obunguNaphakade. Kwaye sinengqiniseko leyo entliziyweni yethu ngoku, ukuba ngoku sinoBomi obunguNaphakade, uBomi obunguNaphakade obungenakufa, bungaphakathi kuthi ngoku. Kulungile.

<sup>41</sup> UYohane oNgcwele 6. Masiqale ngoku ngesahluko se-6 sikaYohane oNgcwele, siqalise ke ngomqolo wama-60.

*Into eninzi ngoko kubafundi bakhe, yakuva, yathi, liLizwi elinqabileyo eli; ngubani na onako ukuliva?*

*Ke kaloku esazi uYesu...ngaphakathi kwakhe ukuba bayakrokra lilo abafundi bakhe, wathi kubo, Kuyanikhubekisa na oku?*

*Hi...nake ukuba nithe nambona uNyana woMntu enyukela apho wayefudula ekhona?*



*Ngu—ngu...moya odlisa ubomi; inyama yona ayincedi lutho: amazwi la ndiwathetha kuni Mna, angumoya (nguYe lowo), abubomi. (wathini Yena? “Ndim iNyaniso, uBomi.”)...angumoya, ...abubomi.*

*Kukho bathile kuni bangakholwayo. Kuba ebesazi kwasekuqaleni uYesu ukuba ngoobani ababengakholwa, nokuba ngubani na oyakumnikela.*

*Wayesithi, Kungenxa yoku ndatshoyo kuni ukuthi, akukho namnye unako ukuza kum, ukuba akathanga akunikwe nguBawo.*

*Ngenxa yoko into eninzi yabafundi bakhe yabuya umva, ayaba sahamba naye. (liLizwi elilukhuni, 'yabona, abazange babe nakumelana nalo.)*

*Wathi ngoko uYesu kwabalishumi elinababini, Nani nifuna ukumka yini na?*

*Wamphendula ngoko uSimon Petros wathi, Nkosi, sosuka siye kubani na? Nguwe onamazwi obomi obunguNaphakade.*

*Nathi sikholiwe sazile ukuba wena unguye uKristu, uNyana kaThixo ophilileyo. (Bethu!)*

*Wabaphendula uYesu wathi, Andininyulanga na mna nina shumi elinababini, ukanti omnye kuni ungumtyholi?*

*Wayethetha ke ngoYuda Skariyoti kaSimon: kuba lowo ibinguye obeza kumngcatsha, engomnye wabalishumi elinababini.*

<sup>42</sup> Ngoku, ukuba ndinokukubiza oku ngokuba yingongoma kusihlwanje, ndizame ngako konke okungcono endinako ukukwenza intetho yesiqingatha seyure, ndifuna ukuthetha nge: *IiNdidi Ezintathu Zamakholwa.*

<sup>43</sup> Kwaye ndahlala ndisenza loo ntetho. Ndacinga, “Ke, ndiyakholwa ndizakushumayela ngayo ngelinye ixesha, ngale njikalanga.” Ndacinga loo nto.

<sup>44</sup> I, kuqala ngamakholwa, ngamakholwa azenzisayo, nabangakholwayo. Ngoku, yinto e...kwaye u...yingongoma. Kodwa, ngokuqiniseke njengokuba sihleli apha ngokuhlwanje, elo qela lihlala lihlanganisene kunye. Naphi na apho abantu bahlangene khona, siyalifumana eli qela, kwaye njalo sihlale sibafumana, kwaye ngokuqinisekileyo siyakuhlala sinabo kude kube kukuBuya kweNkosi. Kwaye ndifuna ukuba thina, ngokuhlwanje, sizifanekise, njengokuba ndithetha ngala maqela mathathu, sibone ukuba sikweliphi na iqela.

<sup>45</sup> Ngoku khumbula, ndithetha apha mhlawumbi...Eli bandla, lizele kwakhona ngokuhlwanje, jikelele. Neendonga



namangqameko, kodwa ndithetha nakwihlabathi jikelele. 'Yabona? Kuzo zonke iindawo ezahlukeneyo zehlabathi, la makhasethi ayajikeleza, ulungiselelo lwamakhasethi.

<sup>46</sup> Ngoku ndifuna ukuthetha ngeentlobo ezintathu ezahlukeneyo zamakholwa. Ngoku khumbula, *amakholwa*, iingongoma yam *ngamakholwa*. Elinye lawo likholwa lenyaniso, elilandelayo likholwa lokuzenzisa, kuze elilandelayo ibe ngongakholwayo. 'Yabona?

<sup>47</sup> Ngoku, iqela lokuqala esinokuthanda ukuthetha ngalo, likholwa. Ngokuba, ndiyacinga ukuba limelwe kukuba lelokuqala, ngokuba lona lelo likholwayo ngenyaniso, ngoku, likholwa njengokuba abadisipile babekholwa apha. Sizakusebenzisa esi Sibhalo sisifundileyo njengomzekelo. Ngoku, elokuqala likholwa, ikholwa lenene. "Kwaye ukholo luza ngokuva, ukuva iLizwi likaThixo," iLizwi likaThixo, elinguKristu. 'Yabona, amakholwa!

<sup>48</sup> Ngoku, niyiqaphele le ntetho ibalulekileyo lithe elikholwa layenza? Ngoku, ikholwa alifanelanga ukuba libe ngumntu olumkileyo kwindlela yehlabathi yokulumka. Alifanelanga ukuba ngumntu ofundileyo ngale ndlela aba bantu bazama uku—ukuthi umelwe kukuba yiyo; kodwa akufanelanga ukuba njalo. Wena...Le ndoda yenza le ntetho, iBhayibhile ngokwaYo yathi wayekuko kokubini "ukungazi" no "kungafundi." UPetros, wayengumntu ngenene owayengabalelwa ekubeni ngumntu oyingqondi.

<sup>49</sup> Ku-Isaya 35, ithi, "Kuyakubakho iindlela, nomendo, kwaye uyakubizwa ngokuba, 'Yindlela yobungwele.' Into engcolileyo ayisayi kudlula kuyo."

<sup>50</sup> Bendithetha nelinye lamadikoni ngale njikalanga, njengokuba besithetha ngebhlorho enqumlezileyo ukuwela, nale intsha. Ndathi, "Kukho ukwandisa okuninzi okunqumla ubunzulu bamanzi, obunjengetheku namhlanje." Ndaze ndathi, "Kodwa kukho okukhulu ukwandisa ngokuyokufikelela ukusuka emhlabeni ukuya eBuqaqawulini, kubizwa ngokuba, yi 'Ndelela ephezulu yoKumkani.' Into engcolileyo ayisayi kudlula kuyo." Injalo loo nto. Yi—yindlela eyakhiwa nguKristu iNkosi yethu, ulwandiso olwenziwe lusuka emhlabeni ukuya kwelinye iLizwe, kwaye into engcolileyo ayidluli ngalo.

<sup>51</sup> UPetros, le ndoda ingafundanga, ye...imi kufutshane, yathi yakubona ngokupheleleyo uku—ukungqinelwa kweLizwi laloo mhla, ukuba uThixo wathembisa ukuba ngaloo mhla kuyakubakho Oyakuvela oyakuba ngu—nguMprofeti phakathi kwabo. Kwaye uSimon wayelukhuni ekukholelweni oko, ngokuba kwakuyakubakho okuninzi ukulinganiswa kwaKo. Kodwa akubona okuyinene, kusombulula iLizwi leso sigaba, waze waMva eZibonakalisa ngokupheleleyo, wa—waba

nokuqonda ngokuqinisekileyo ukuba Lowo yayinguBani na. Kwaye yayinguye lowo, wathi, “Nkosi, singaya kubani na?” xa wabuzwayo.

<sup>52</sup> Ngethuba i—izihlewele zazisahlukana, phakathi kwabangakholwayo, namakholwa, nabazenza amakholwa, zazilapho zontathu zimi kanye apho kuloo mdibaniso mnye wabantu; amakholwa, abazenza amakholwa, nabangakholwayo, bafumaneka kanye kwesi sahluko silapha. Kwaye njengokuba uYesu wayethethe aMazwi ngendlela Awenza ngayo, loo nto yahlula ibandla laKhe. Kodwa kumelwe kukwenzeka oko.

<sup>53</sup> Wayeyindoda ebalulekileyo okoko nje Wayephilisa abagulayo, kodwa kwakufikelela ezantsi kwiMfundiso nesiprofeto, nantso into eyahlula u—umququ engqoloweni. ‘Yabona? Umququ usongela nje ingqolowa. Awuyiyo ingqolowa. Awunakusetyenziswa. Akukho nto ikuwo. Akukho Bomi kuwo. Ulikhasi, awunakuhlala kunye nengqolowa. Awuyi kuba yindlalifa kunye nengqolowa. Ngoko umelwe ukuba...Lukhozo nje kuphela esithetha ngalo, intliziyo yokhozo lwengqolowa.

<sup>54</sup> Ngoku qaphela, uPetros wayeqondile ukuba lowo wayenguMesiya. Ngoku, akwenzi mahluko ukuba abanye babo babesithini na. Kwakungenzi mahluko oko kwakuthethwa ngabapriste. Kwakungenamsebenzi kuSimon Petros oko kwakuthethwa libandla. Yena wayeqondile, ngokwakhe.

<sup>55</sup> UYesu wamxelela, kwenye indawo apho Wabuza khona, “Bathi Ndingubani na abantu?”

<sup>56</sup> “Kwaye abanye bathi Ungu ‘mprofeti,’ abanye bathi Ungu ‘mnye wabaprofeti bakudala ovukileyo,’ noku—nokuthi Ungu ‘Mosisi,’ okanye u ‘Eliya,’ okanye omnye umntu.”

Wathi, “Ndibuza *wena*. Ucinga ntoni wena?”

<sup>57</sup> Waze uPetros wathi, “Wena unguKristu, uNyana kaThixo ophilileyo.”

<sup>58</sup> Wathi, “Unoyolo wena, nyana kaYona; Simon, nyana kaYona; kuba inyama negazi azikutyhilanga oku kuwe. Awukufundunga kuphuma encwadini, okanye kusuka kumgaqo, okanye kusuka kwikatikizim. Wena...UBawo wam, oseZulwini, ukutyhilile oku kuwe.” Nalo ikholwa lenene; iSityhilelo sokomoya seLizwi. ‘Yabona? Kwaye ku... “Wena unguSimon, kwaye phezu kolu lwalwa lwesityhilelo sakho sokuba NdinguBani na, Ndiyakulakhela iBandla laM, namasango elabafuleyo akanakuleyisa.” ‘Yabona?’

Akumangalisi ukuba uSimon wathi, “Siyakuya kubani na?”

UYesu wajika wathi, “Ingaba nifuna ukuhamba nani?”

<sup>59</sup> Baze bathi, “Nkosi, kubani na, singaya phi na? Kuba, nguWe kuphela onaMazwi oBom. NguWe kuphela.”

<sup>60</sup> Kuba, akazange nje Abe naMazwi oBomi, wayeliLizwi loBomi. 'Yabona, Yena wayeliLizwi loBomi, kwaye uSimon wakuqonda ngokuphandle oku. Wathi akukuqonda, yiloo nto eyamenza ukuba ahlale ebambelele, ngokuba yayityhiliwe kuye ukuba Lowo wayeliLizwi eliphilileyo.

<sup>61</sup> Ngoku, nalo ikholwa lenene, xa inguMoya oyiNgcwele; ingekuko ukufakwa ngumntu ongomnye, ingeyonto iyenye. Kodwa xa uMoya oyiNgcwele etyhile kuwe iLizwi ngokwaLo, uze ubone iLizwi licacisiwe, lingqinelwe; ngoko uMoya kaThixo uyeza angene kweso sigaba sexesha, ngenxa yeLizwi leso sigaba sexesha, alenze libonakalaliswe.

<sup>62</sup> Wayenokuthini umntu ukuhlala angakholelwa kuLuther ukuba wayeyazi loo nto? ULuther wayengumhlaziyi. Umoya womntu waphuma apho ukuya kuhlaziya. UWesley, wayekwayiloo ndlela. Kwakunyanzelekile ukuba bamkholelwe. 'Yabona, loo nto yayi—yayingumyalezo oya kwisigaba sexesha sebandla. Yiloo nto kanye eyayisenzeka. Yayiyiloo nto eyayizakwenzeka. Wawunyanzelekile ukuba uyikholelwe.

<sup>63</sup> Kwaye sithi aba, ezantsi kwisigaba sexesha laseLawodike. Kwaye sifundisiwe, kwiSigaba sexesha laseLawodike, ukuba uKristu wayebekwe ngaphandle kwibandla laKhe; wabe enkqonkqoza emnyango, ezama ukubuyela ngaphakathi. Ngoko xa sibona oko kusenzeka, siyazi ukuba siphila kwisiphi na isigaba sexesha.

<sup>64</sup> Kwaye, ngoko, sisekuvalweni kwezembali zehlabathi. Incwadi ngoku iyagqitywa. Umgca wokugqibela uyakubhalwa unqamleze ngenye imini, [Umzalwana Branham uqhweba izandla kanye—Mhl.] kwaye iyakuvalwa, ngoko ixesha alisayi kubakho.

<sup>65</sup> Kwaye kukho umdlalo weqonga omkhulu olungisiweyo. NeeNgelosi zimile phezu kwesibhakabhaka, zikhangele. Niyazi ukuba yintoni na umdlalo weqonga. Abalinganiswa sele belungile. Ungababona bedlala.

<sup>66</sup> Unganako ukumbona ongendawo edlala. Ungambona olitshijolo lomdlalo, indlela eza ngayo evela nobuqili bakhe, ukuza kuqhatha.

<sup>67</sup> Kodwa unganako kwakhona ukubona iBandla elixwiliweyo liZilungiselela. Ngumbono obalulekileyo. Unganako ukubona uBukho bukaThixo bungqinela busenza umdlalo weqonga omkhulu oxelwe kwangaphambili apha kule Bhayibhile, buzdala. Lixesha elibaluleke kanjani ekunokuphilwa kulo, lelona xesha libalulekileyo! Abantu bezigaba zonke zexesha balangazelela ukuphila ngeli xesha. Abaprofeti bakudala balangazelela ukubona le yure, kodwa abangazange babenalo elo lungelo.

<sup>68</sup> Ngoku, kwakukho ikholwa. Ngokuba, likubonile oko. Liyakholwa kuko. “Seyiseke ngokupheleleyo ukuba Wena unguKristu, uMesiya, iLizwi likaThixo lalo mhla, kwaye siyakholwa yiloo nto.” Yabona, yayilikholwa lenene elo.

<sup>69</sup> Masithabathe nje amanye ambalwa amakholwa, ngokukhawuleza kakhulu, ngaphambi kokuba singene kumlinganiswa olandelayo. Masithabathe umprofeti, uNowa. Xa yena, wayengumfama, mhlawumbi wayenguye ngaloo mihla, umfama. Kodwa xa abagxeki nabonqulo baloo mhla... Ibandla lalifikelele ekubeni libe phantsi kakhulu, waze uThixo wathetha noNowa, waxelela uNowa ukuba makakhe umkhombe. UNowa akazange ayixoxe noThixo loo nto. WaYikholwa ukuba Yona yayiliLizwi likaThixo, waza wahamba waya kusebenza ngokukhawuleza okukhulu elungisa izinto.

<sup>70</sup> Likhohwa lokwenene elo. Musa ukuxambula malunga naloo nto. Xa uwoqondile ngokupheleleyo, kuphelele apho. Kanye njengaye nabani, naluphi na ukholo, nayiphi na indlela. “Ukholo luza ngokuva.” Ukuba unokuma apha, akukhathaliseki nokuba ugqirha uthini na kokuphosakeleyo oko kuwe! Oko, le ndoda izixilongile ezi meko, kwaye ngeliphandle iyazi kanye ukuba ithetha ngantoni na, okoko nje izixhobo zayo nolwazi luyakuyivumela ukuba yazi, kodwa ithi akukho nto iseleyo kukufa kuphela. Kodwa, uthandaze, umi phaya phesheya kwixa elizayo ungabona indoda ephilileyo okanye umfazi emi apho. Ewe, kunjalo. Kwaye oko kunjalo kanye. Bayakuhamba bangene kanye apho ngokuqiniseke kanye njengayo nantoni na, ngokuba ukholwa kuloo nto. UThixo uyithethile. Uyazi ukuba injalo.

<sup>71</sup> Njengomfazi omncinane owawukhohlela waphuma umhlaza, yabona. Kwakungekho kuthandabuza engqondweni yakhe. Loo nto yayizakwenzeka. Umhlaza wawufile, waze wakhululeka, nako umka ke. Yabona? Yiyo leyo. Kholwa yiyo.

<sup>72</sup> Njengala tata ebezise inkwenkwe yakhe encinane, kumzuzu nje odlulileyo, phaya ngaphakathi. Kwaye ulapha kwesi sakhiwo kwindawo ethile ngoku. Inkwenkwe encinane ebiwile, yaze yalahlekwa yinkumbulo yayo. Ibingakhumbuli nanye into. Kwimimizuzwana embalwa nje, emva komthandazo, ndayibuza igama layo. Yandixelela ukuba bungakanani ubudala bayo, kwaye yabe iyiyo leyo iphile kanye njengokuba nayiphi inkwenkwe inokuba njalo. Yabona? Bayakholwa. Kwaye xa uThixo ethetha nantoni na, imelwe kukuba yiloo ndlela.

Kwaye uNowa wakholwa kuThixo, waze uNowa wabalelwa ekubeni ulikhohwa.

<sup>73</sup> UDaniyeli, xa ibandla lalisekuthinjweni ezantsi eBhabhiloni, uDaniyeli wakholwa kuThixo. Kwaye akunamsebenzi ukuba babesitsho kangakanani ukuthi, “Siza

kwenza isimemelelo. Abasayi kuthandaza nakomnye ongomnye uthixo kuphela ngulo mfanekiso uqingqiweyo uphaya phandle,” wale ndoda ingcwele, okanye nokuba yayiyintoni na. UDaniyeli akazange ayinake loo nto. Wayemvile uThixo, kuba wayengumprofeti, kwaye iLizwi leza kuye. Kwaye kwakuthe ekunikezelweni kwetempile, kwathiwa, “Ukuba umntu usenkathazweni nakuliphi na ilizwe, aze akhangele ngapha kwindawo engcwele, athandaze, uze umve useZulwini.” Kwaye uDaniyeli wayekholwa kuThixo. Wayelikholwa lenene, kwaye nkqu iingonyama zazingenakumdlala. Kwaye injalo loo nto, ’yabona, wayelikholwa. Wayenento ethile eyinene neyiyo. Wayelikholwa.

UDavide, elinye ikholwa, inkwenkwe eyinkunkumana encinane.

<sup>74</sup> UDaniyeli akazange athabathe indawo nebandla langoku, ngokunjalo noNowa akazange athabathe ndawo nebandla langoku. Hayi ngokupheleleyo. Babengamakholwa koko uThixo wathi kwakuyiNyaniso. Akunamsebenzi nokuba ihlabathi langoku lalisithini na, babekholwa koko uThixo wathi kwakuyiNyaniso. Ngamakholwa enene lawo.

<sup>75</sup> Kanye yinto enye nale uPetros wayenzayo, nabapostile, kwaye bakhholwa ukuba Yena wayeneLizwi loBomi kwaye wayeliLizwi loBomi. Ndikholwa kwinto enye namhlanje. Kwaye yonke enye into ichasene naLo iyechasayo, asiyiyo, kukufa. *Eli* lodwa liLizwi loBomi, kwaye uKristu uliLizwi.

<sup>76</sup> Ngoku, uDavide, igadalala lomfo. Indawo yokuqala, ngeliphandle wayechukelwa ngabantakwabo, kuba wayengumfo omncinane. Wayengekho mkhulu ngokwaneleyo ukuba aphaathe isikrweqe. Wayengenakuya emfazweni, kwaye wayemncinci kakhulu enqinile. Kwaye, nangoko, waphuma, njengekholwa.

<sup>77</sup> Kwathi esahleli phaya entlango, aluse i-iqaqobana leegusha awathi uyise wamnika lona ukuba alaluse, ephethe isilinge, kwilizwe apho kwakukho iingonyama neebhere neengcuka, nezinto ezinjalo njalo. UDavide waqala ukukhangela kumadlelo anethunzi aluhlaza, waze wazi ukuba oko kuthetha ntoni na kwizimvu ukuya kungena kuloo mthunzi, zize zingqengqe ekutshiseni kwelanga; wazi ukuba silunge kangakanani na, isiselo samanzi abandayo sithetha ntoni na, njengokuba wathi, “Njengexhama litsalela emfuleni wamanzi, umphefumlo unxanelwe Wena, Owu Thixo.” ’Yabona? Wayekhalile, wathandaza.

<sup>78</sup> Kwaye ngenye imini kwavela okungxamisekileyo, ingonyama yaxhiphula enye yezimvu zakhe, yayithabatha. Wacinga, “UThixo undenze ndangowongamile kunengonyama!” ’Yabona? Waze wathabatha isilinge wayibetha yawa ingonyama, ngelitye elincinane elikwisilinge.

Ngoku, ukuba umntu wakha wayibona ingonyama, enye yeengonyama zase-Afrika, ingonyama ezineentamo ezinkulu ezinoboya abanazo apho ePalestina nase-Asia, angazi ukuba yayiyintoni na enye yabo bafo. Ngeli thuba, ozii-magnum ezingamakhulu amathathu ubukhulu kunganzima ukuba uyiqukule, yena wayiqukula ngelitye. Kwaye xa ingonyama yavukayo imleqa, wayibamba ngodevu wayibulala. Naso isizathu esabangela ukuba azi ukuba wayethetha ngantoni na; wayekhe wanawo amava. Wavavanya uThixo, ngeLizwi laKhe.

<sup>79</sup> Kwaye wa—wayengamoyiki uGoliyathi, ngokuba, wayengalukanga. Wayengelokholwa, konke; naxa uGoliyathi waphumayo wamqalekisa egameni loothixo bakhe.

<sup>80</sup> Kwaye uGoliyathi, wayemkhulu ngokuphindwe kaninzi kunokuba wayenjalo yena; umfo ophakamileyo omkhulu, eneshumi elinesine lee-intshi zeminwe. Ngoku, iminwe yayinokuba mide *kangakaya*, 'yabona, ishumi elinesine lee-intshi zeminwe, umlwi. Kwaye ngeliphandle enedyasi yeezikhonkwane awayeyinxibile, ngokuqinisekileyo inobunzima bamakhulu amathathu epeonti, okanye ngaphezulu, 'yabona, awayeyinxibile. Isigcina-ntloko, nento enkulu...eneneni iyintsimbi ye-intshi enesiqingatha ukwalekeka. Isigebenga esikhulu esinjalo, sihamba sine—sinenaliti yabaluki ekubangwa ukuba yayimalunga namashumi amabini eenyawo. Sasinomkhonto ongamashumi amabini anesibini eenyawo esandleni saso. Ngoku wayenokuthini nabani na...Indoda enjengaleyo eyayinokuma nje ichole ishumi elinesibini lamadoda iliphakamise, iwajule *kanjeya*, esenyuka. Ngonjani onokuchasana naye!

<sup>81</sup> Yayinguye lowo, emi apho, eziqhayisa, eqhayisa. Xa i...kwakubonakala amathuba ngathi anciphile, uyabona, wathi, "Makuthi...Makungachitheki gazi." Wathi, "Ma—makuze indoda ethile ilwe nam, ukuze ukuba indoyisile, nonke ngoko nindikhonze nje; ukuze ukuba—ukuba—ukuba noyisile, ngoko siyakunikhonza." 'Yabona, xa umtyholi ecinga ukuba unamathuba ngakuwe, 'yabona, kuxa athanda ukwenza ukuqhayisa kwakhe. Kodwa wahlangana nenyene indoda. Wahlangana neyona ndoda incinane elizweni, encinane, emagxa agobileyo, umfo okhangeleka egadalala.

<sup>82</sup> Wathi, "Nithetha ukuba nindixelela ukuba nina, u—umkhosi kaThixo ophilileyo, niyakuma apho niyeke laa mFilisti ungalukileyo adele izintlu zikaThixo ophilileyo?" Kuba, wayothukile yiloo nto! Kuba? Kuba? Wayelikhholwa. Abanye aba babengamakholwa okuzenzisa. 'Yabona? 'Yabona, wayelikhholwa lenene yena. Wathi, "Ukuba niyoyika, ndiyakuya ndilwe naye." 'Yabona? Kokunjani ukubizwa kukandikho kumfo omncinane onjalo! Ngoko ke wayelikhholwa, kwaye wenza kanye oko wayekwazi ukuba uThixo uyakukwenza. Uyi... .

<sup>83</sup> Xa la mFilisti ungalukileyo wamqalekisayo egameni loothixo bakhe, wathi, “Ndiyinja na; intwana encinane yengqeqana yomntwana ize kum ngolo hlobo? Kuba,” wathi, “Ndiyakuchola ngencam yomkhonto wam, ndaye ndiyakukuxhoma phezulu phaya emthini iintaka ziyichole inyama yakho.” Owu, bethu! Owu, wayengumfo owoyikeka njani yena!

<sup>84</sup> UDavide wathi, “Undihlangabeza unekrele nomkhonto, unesikrweqe. Undihlangabeza egameni lomFilisti. Kodwa, mna ndikuhlangabeza ndingenakrele namkhonto, nasikrweqe, koko ndikuhlangabeza eGameni leNkosi uThixo kaSirayeli.”

<sup>85</sup> Nantso ke. Likhohwa elo. Nantso inqaba yalo. Nalo ikhaka lalo. Lukhuselo lwalo olo. Amen! Nantso into emelwe kukuba lukhuselo lweBandla. Naliphi na ikholwa, naLo ukhuselo lwalo. Akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na, nokuba lithini na ihlabathi, nantoni na eyenye, ukhuseleko lwakho yiNkosi uThixo kaSirayeli. Lolo. “IGama likaYesu Kristu liyinqaba ende eqinileyo, ilungisa libalekela kulo libe sengxondeni.” Lukhuseleko lwethu olo, lunguYesu Kristu.

<sup>86</sup> Qaphela, kuthi kwakubanjalo ke, sazi ukuba kwenzeka ntoni na. UDavide, akazange abethe kwenye indawo ngaphandle kwala ndawo incinane ekuweni kwakhe—kwakhe—kwakhe ngaphaya ngobuso. Yindawo enye eyayibethiwe kanye apha ebunzi kuye. Yaye ngaphambi kokuba abe wafikelela nakuwuphi na umgama ukuya kwi—kwingxilimbela, uThixo wakhokelela kwindawo ebulalayo, waze wasibulala eso sigebenga. 'Yabona? NguThixo owenza njalo. Ngoku, siqaphela ukuba yena wayelikholwa.

<sup>87</sup> Ngoku, elinye ikholwa yayingu-Abraham, kwaye wayengowe...sixeko samaKhaledi ase-Ure. Kwaye wabizwa ukuba aye kwenza into eyayi...wakhohwa kwinto ngokupheleleyo, eyayingenakwenzeka ngokwasenyameni. “Kodwa akazange alithandabuze idinga likaThixo ngokungakhohwa,” atsho amaRoma 4, “koko womelela, edumisa uThixo.”

<sup>88</sup> Xa u-Abraham wayenamashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, inkosikazi yakhe inamashumi amathandathu anesihlanu eminyaka ubudala, babe babehlala kunye ukusukela ngethuba babengabafana abancinane. Wayengophantse ukuba ngudade wabo; umfana osemntsha nentombazana eselula. Kwaye oko, babehlala kunye, bengenabantwana konke. Kwaye uThixo waxelela u-Abraham, “Zahlule kwabangakhohwayo.” UThixo uhlala ebizela, ekuzahluleni. “Zahlule kwabangakhohwayo uhambe naM, kwaye Ndikwenze uyise wezizwe ezininzi. Sندیenzile loo nto.”



<sup>89</sup> Kwaye u-Abraham wakholwa yiloo nto. Likhohwa elo. “Uyakuyenza njani loo nto, Nkosi?” akazange awubuze loo mbuzo. UThixo wathi Uyakuyenza, kwakuphelele ke apho.

<sup>90</sup> Xa inyanga yadlulayo, wabe uSarah esenjalo... Wayesele edlule kwixesha lokupheza ukuya exesheni. “Kukho umahluko?”

“Akukho kwanto.”

<sup>91</sup> Kodwa u-Abraham wayesakholwa kuloo nto. Kwiminyaka engamashumi amabini anesihlanu emva koko, kwakungekabikho mahluko, kodwa u-Abraham wayesakholwa kuloo nto. Likhohwa elo. Asilokholwa lokuzenzisa. Likhohwa elo. Amashumi amabini anesihlanu eminyaka emva koko, u-Abraham wayomelele kunokuba wayenjalo kwindawo yokugala. “Wakhohwa kuThixo, kwaza oko kwabalelwa ebulungiseni kuye.” Ngokuba yena wa-... Likhohwa lenene elo.

<sup>92</sup> Ngoku, emva komzuzwana ndizakukuyeka uzihlale uqonde ukuba ungowoluphi na udidi.

<sup>93</sup> Ngoku wenza ntoni u-Abraham? “Akazange alithandabuze idinga likaThixo,” izinto ezingenakwenzeka.

<sup>94</sup> Ingathini indoda enamashumi asixhenxe anesihlanu eminyaka ubudala, inenkosi kazi enamashumi amathandathu anesihlanu eminyaka ubudala, ingenza ntoni, ukuba bebeye kugqirha wathi, “Ufuna ukwenza amalungiselelo, esibhedlele. Sizakuba nosana?” Ukuze ngoko, kumashumi amabini anesihlanu eminyaka elandelayo, athi, “Gqirha, usayivulile laa ndawo esibhedlele?” ’Yabona? ’Yabona?

<sup>95</sup> Usenza ukuba senze ngokungaqhelekanga. Izigqibo zakho zezahlukileyo, kwihlabathi. Kodwa likholwa, akunamsebenzi nokuba ibonakala iyinto engaqhelekanga kangakanani na. IBhayibhile yatsho, ukuthi, “Wayeyiseke ngokupheleleyo ukuba uThixo wayenako ukwenza oko Wathi Uyakukwenza.”

<sup>96</sup> Oko kufanele ukuba kokufunyanwa likholwa ngalinye ngale njikalanga. UThixo unako ukuligcina lonke iLizwi Athe Uyakulenza. Andikhathali nokuba amahlelo athini na, namazwi, “Umhla wemimangaliso udlule, kwaye konke oku kukufundwa kwengqondo nezinto ezinjalo, kukuvumisa kwezinto ezizayo. Kuku...” Akunamsebenzi ukuba bathini na kum. Ndisakhohwa. Ukuba laa mpu wenze isangqa kuloo nto ujolise kuyo, uyakuyibetha loo nto ujolise kuyo. Kwaye ndiyakhohwa ukuba ukuba ikholwa lingqanyaniswe iLizwi likaThixo, liyakubetha into enye. Ukuba iLizwi likaThixo lakhe lathenjiswa loo nto, liyakuyenza kwakhona. Ndeyiseke ngokupheleleyo yiloo nto. Ukuba, xa ubona sikwesi sigaba sikuso ngaba simelwe kukuba lapha, simelwe kukuba lapha. Ezi zinto zimelwe kukwenzeka.

<sup>97</sup> Naso isizathu sokuba ndikholwe ukuba xa uMtshakazi ebiziwe wakhutshwa nabanyuliweyo, wafakwa eNcwadini yoBomi, kuyakubakho isandi esivela eZulwini oko kuyakuthabatha olungako ubhaptizo loMoya oyiNgcwele lungene kuMtshakazi oluyakuMthabatha emke emhlabeni, kubabalo loXwilo. UThixo wayithembisa loo nto. Andikhathali ukuba zingaphi na iinzululwazi, bangaphi na oosomajukujuku abakusayinileyo oko, nayo yonke enye into, zizingaphi izigidi zeemayile abanokuzibona; andikhathali konke ngaloo nto. Likho iZulu, kwaye ukho uYesu Kristu Apho ophathekayo oyakuza ekwimo yomzimba ukuza kwamkelela iBandla laKhe kuYe. Akunamsebenzi nokuba oko kukhangeleka kulibali elidala kangakanani na, liseyiNyaniso. UThixo watsho. Nantso –nantso into elikholelwa yona ikholwa.

<sup>98</sup> UThixo wathi, “NdiyiNkosi ephilisa izifo zakho. NdinguThixo kwaye Andiguquguquki.” Amen! Kwaye uThixo uliLizwi. Kwaye ukuba uThixo akaguquguquki, liyakuguquguquka njani iLizwi? ’Yabona? “NdinguThixo, kwaye Andiguquguquki.” IZibhalo zithetha oko. UThixo wakuthetha, ngokwaKhe. Kwaye ukuba akanako ukuguquguquka, ngoko Yena uliLizwi. “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo, uLizwi wayenguThixo.” ULizwi ongenakuguquguquka! “ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu.” Amen! Ewe, mhlekazi.

<sup>99</sup> UThixo wavelisa imizimba, konke ukuhla; uMosisi, noHezekile, noYeremiya, no-Isaya, no-Eliya, konke ukuhla, apho iLizwi laKhe leza khona okomzuzwana. Kodwa iLizwi elipheleleyo lenziwa labonakalaliswa kule Ndoda uYesu Kristu. Yona, YayinguThixo ekwinzaliseko yeNtloko-buthixo ngokomzimba. Yayinguye Lowo enziwe inyama. Ndiyakholwa yiloo nto, lonke iLizwi.

UYobhi, elinye ikholwa.

<sup>100</sup> Ngamanye amaxesha, amakholwa afakwa kuvavanyo. Hayi ngamanye amaxesha; lonke ixesha! “Kuba wonke unyana ozayo kuThixo umelwe kukuqeqeshwa, avavanywe, umntwana oqeqeshiweyo.” Khumbula, izilingo, iindlela ezinothuli, ilanga elitshisayo lentshutshiso, kodwa ukunyaniseka kwentliziyo yakho kuyibetha loo nto ngokokude ilungele ukungena ekuxonxweni. Abantwana bakaThixo benziwe ngokuchanekileyo ngeLizwi laKhe, kuba bayimizekelo ephilayo, kwaye iLizwi likaThixo liphila ngabo. ’Yabona? Izilingo ziyeza ukuza kukushukumisa, ukuze zikubeke kanye emazantsi, ukubona ukuba umi phi na. Balinngwa, bavavanywa wonke unyana ozayo kuThixo.

<sup>101</sup> UYobhi wangena ezilingweni nasekuvavanyweni. Abantwana bakhe bathathwa; yonke enye into yathathwa. Amalungu ebandla eza, amtyhola ngokuba ungumoni

wasekhusini, azama ukuthetha yonke into ngokuchasene naye, kodwa nangoko wayengenakuphulaphula nantoni na yoko. Wazi ukuba wayehlangabezene neemfuno zikaThixo. Wazi ukuba akufuneki nganto ukuba uSathana azame ukumlinga. Wazi ukuba yayingumtyholi lowo. Kwaye okoko nje uSathana enokumenza ukuba akholwe ukuba ukugula kwakhe yayinguThixo wakhe owenza loo nto, wenza ukuba uYobhi ukuba abetheke. Kodwa xa uYobhi wathi wahlangana nesityhilelo kwakanye, ukuba yayingengoThixo lowo! Wayengene edlula nje kwizilingo ukuze zimenze okuthile. YayingengoThixo owayesenza loo nto. YayinguSathana owayeyenza loo nto.

<sup>102</sup> Kuyinto enye ke namhlanje. Uyakuzama ukukuxelela ukuba ezi zilingo nale nto nguThixo wakho ezama ukubeka isohlwayo phezu kwakho. Akunjalo. Hayi, mhlekazi. NguSathana owenze loo nto, kwaye uThixo uyayivumela, ukukucaphukisa; ukwenza ukuba ubone ukuba u—ubophelelekile kweli hlabathi, ngeentswelo zehlabathi, okanye nokuba ubutyebi bakho buseZulwini na. “Kuba apho bukhoyo ubutyebi benu, nobalapho nani.” Injalo loo nto. Intliziyo yakho ilapho bukhoyo ubutyebi bakho.

<sup>103</sup> UYobhi, walingwa, nangoko wathi, “Ndiyazi ukuba uMhlawuleli wam uhleli; kwaye ngemihla yokugqibela Uyakuma phezu komhlaba. Nangona iimpethu ziwutshabalalisile umzimba wam. . .”

<sup>104</sup> Ingaba uqaphele? Iimpethu zazisele zikuye kakade. Iimpethu zakho zikuwe. Ukwibhokisi yomngcwabo etywiniweyo kungekho namoya kuyo, okanye nakanjani na, kodwa iimpethu sele zilapho. Zilapho kuwe kanye, kwaye zilungele nje ukubizelwa emsebenzini nangeliphi na ixesha. Khumbula uKesare, wabola kanye esitratweni. Iimpethu zamdla, kanye esitratweni, iimpethu zesikhumba sakhe kanye. Zilapho kanye, sele zilungile.

<sup>105</sup> “Nakubeni emveni kokuba iimpethu ziwudlavule umzimba wam, nangoko ndisenyameni yam ndiyakumbona uThixo.” Amen. Awunakuba nakuwucima uphele. Nakubeni iimpethu zinokuwudla, usaya kubuya kwakhona. “Endiyakumbona ngokwam. Amehlo am ayakumbona, ingenguye wumbi.” Wayithetha loo nto, uYobhi. Kuba? Wayelikholwa. Kwizilingo wayelikholwa. Kwintshutshiso, wayelikholwa. Wayelikholwa lenene.

<sup>106</sup> UYosefu, elinye ikholwa, wayengenakuzinceda ngento awayeyiyo. Wayengumprofeti. UThixo wamenza umprofeti. Wayengafuni ukuba ngowahlukileyo kubantwakwabo, kodwa wayahlukile. UThixo wamenza into ayiyo. Akukho mntu wayenokuthabatha indawo yakhe.

107 Akukho mntu unokuyithabatha indawo yakho, akunamsebenzi nokuba incinane kangakanani na. Uthi, “Ndiyinkosikazi nje yasekhayeni.” Akukho mntu unokuyithabatha indawo yakho. UThixo, kuqoqosho lwaKhe olukhulu, ubeke ngokunjalo, uMzimba kaKristu, ngolungelelwano, ngokokude kungabikho namnye unokuthabatha indawo yakho. Ndingathanda ukuthabatha indawo kaBilly Graham, nawuphi na kuthi balungiseleli, kodwa asinakuyenza loo nto; kodwa, khumbula nje, uBilly akanakuyithabatha indawo yethu. ‘Yabona, sonke sineendawo, abanye bethu bangabashumayeli beendaba ezilungileyo, abanye ngabaprofeti, abanye ngabafundisi, abanye ngabalusi, nokuba siyintoni na; abanye ngamakhosikazi asezindlwini, abanye ngabakhandi beenqwelo, abanye ngamafama, nokuba yintoni na, uThixo ukubeke endaweni yakho. ‘Yabona?

108 UYosefu wayengumprofeti. Wayengenakuzinceda ngokuba wayenokuchaza amaphupha. Wayengenakuyinceda into yokuba wayebona imibono. Khangela indlela awayenenyani ngayo. Akunamsebenzi nokuba yayiyakuhlutha ubudlelane bakhe nabantakwabo, wayenyanisile, ngokuba wayekholwa kuloo maphupha. Wakholwa yiloo nto, iphupha awaliphuphayo, lokuba babeyakuqubuda kuye bonke, izithungu zaziya kwenza njalo. Lazaliseka ngokuba wayelikholwa. Yayilikholwa lenene. Indlela . . .

109 Ndinemizuzu emihlanu; ndinamaphepha alishumi, qaphela ngoku, qaphela esi Sibhalo sibhalwe apha. Umfazi . . .

110 UNataniyeli, wayelikholwa. Ingaba kunjalo? UNataniyeli, wathi akubona oko kwakusenzeka; kwaze kwasebenza kuye, ukuba uYesu wamxelela ukuba wayengubani na, nokuba wayengu—wayengu “mSirayeli inyaniso,” nokuba kwakungekho “nkohliso” kuye, wamxelela apho wayekhona kusuku olungaphambi koko, “phantsi komthi ethandaza.” Wambona xa—xa uFiliphu wambizayo. Wayelikholwa.

111 Baninzi abemi apho, abathi, “Ngumoya womtyholi lo. Ngumtyholi owenza iMpiliso eNgwele.” Laa mtyholi mdala akakafi nanamhlanje. Bakholelwa ukuba ng umtyholi owenza impiliso eNgwele.

112 UYesu wathi, “Ukuba uSathana ukhupha uSathana, ngoko ubukumkani bakhe bahlukahlukene, kwaye ubukumkani abunakuma.” ‘Yabona? USathana wathi, uyi . . . Akanakuyenza loo nto. Ngoko, uSathana akanakukhupha uSathana.

113 Ngoko uNatanilyeli wayelikholwa. Wathi akubona iLizwi lenziwe inyama, lingqinelwe kuba wayelikholwa, wathi, “Wena unguRabi, Wena unguKristu. Wena unguKumkani kaSirayeli.” Wakholwa yiloo nto.

114 Xa umfazi equleni wakubonayo oko, wakholwa kuko. Ulikholwa.

Xa uBartholomeyu imfama . . .Xa umfazi wezayo . . .

<sup>115</sup> Kwaye wonke umntu wayekhwaza, eqhubela phambili. Abanye babo besithi, “Kukho ezeleyo . . .Ndiva ukuba Wena wavusa abafileyo. Kukho indawo yamangcwaba ezeleyo apha phezulu; nyuka ubavuse. Masikubone Uyenza loo nto.” ’Yabona, loo mtyholi mnye wathi, “Ukuba UnguNyana kaThixo, yalela la matye ajike abe zizonka.” Lowo mnye wabeka isiziba sajikela ebusweni baKhe, waMbetha entloko, wathi . . .wadlulisa intonga, omnye komnye, bathi, “Ngoku, ukuba Uyakusixelela ukuba Ubethwe ngubani na siyakukholwa kuWe.” Loo majoni, ’yabona, ehlekisa phandle ngaYe. Kwakukhangeleka ngathi uphoxwe likhasi lokugqibela, Yena.

<sup>116</sup> Kodwa khumbula nje, uThixo uhlala ebonakala. ’Yabona? Uhlala elungele kanye, nangaliphi na ixesha.

<sup>117</sup> Ngoku uYesu wathi, “Ndingathetha noBawo waM ukuze ngoko nangoko Andithumele ishumi elinesibini lemikhosi yeeNgelosi.” Owu, iNgelosi enye yayinokwenza ntoni? ’Yabona? Kodwa, uyabona, kodwa Wayenokumthumela ishumi elinesibini lemikhosi nje ngomyalelo waKhe. Kodwa Wayenomsebenzi amelwe kukuwenza. Kwakukho into ethile amelwe kukuyenza. Kwafuneka ukuba adlule kuloo nto.

<sup>118</sup> Unento omelwe kukuyenza. UThixo unento akubekele yona ukuba uyenze. Usenokuba nentliziyo ebuhlungu neenkathazo ezithile, usenokuba nokudana, kodwa sithandazela ukungazinaki? Hayi. “Nkosi, ndidlulise kuzo, nokuba ziyintoni na. Nokuba kuyintoni na, musa ukundenza ukuba ndizibaleke. Ukuba zibekelwe mna, ndinike nje ubabalo lokudlula loo nto. Kuphelele apho.”

<sup>119</sup> Ngoku qaphela, uBhartolomeyu imfama, yayiyazi loo nto. Babexelelwe, “Lo ngulaa Mprofeti waseGalili. UnguNyana kaDavide. Sikhulwa yiloo nto.” Amanye amakhulwa inokuba ayemxelele loo nto. “Siyakhulwa sisazi ukuba Yena ungu . . .laa Nyana kaDavide.”

<sup>120</sup> Kwaye yena wayesazi, ukuba Wayenguye, WayeliLizwi. Kwaye ukuba wayesazi ukuba WayeliLizwi, wazi ukuba Yena wayenokucalula iingcingane zentliziyo, ngoko wathi, “Nyana kaDavide, ndenzele inceba.” Abangakhulwayo babekhwaza *oku, nokuya*, amalungu ebandla. Loo nto yayingayimisi imfama uBhartolomeyu konke. Wathi, “Owu Yesu, Wena Nyana kaDavide, ndenzele inceba!”

<sup>121</sup> Mhlawumbi Yena wayengamvanga. Kodwa Wayesazi ukuba wayelila, waze Wema wajika. Yayililwelo ikholwa. Wathi, “Ukholo lwakho lukusindisile.” Amen.

<sup>122</sup> Wakuthetha oko kula mfazi wayenethombo legazi, kwa into enye, “ukholo lwakho.”

123 Kuba, wathi ngaphakathi kwakhe, “Ukuba ndinokuchukumisa ingubo yaKhe, ndiyakuphila.”

“Ukholo lwakho lukusindisile.” ’Yabona, wayelikholwa. [UMzalwana Branham unkqonkqoza kambalwa epulpitini—Mhl.]

124 Ikwayiloo nto eyasindisa uWilliam Dauch, ohleli phaya, ngenye imini, enokuphelelwa kwentliziyo okupheleleyo, nokuhlaselwa yintliziyo, indoda enamashumi alithoba anahye eminyaka ubudala. “Ukholo lwakho lukusindisile.” Kuba? Ulikholwa.

125 UMfundisi Tom Kidd lo, engena kweyakhe. . . ekufutshane, ndiyaqikelela, ukude lee malunga namashumi alithoba eminyaka ngoku, ubudala, usondele kuwo. Kwaye ngethuba wayenamashumi asixhenxe anethoba eminyaka ubudala, bamthabatha bamsa esibhedlele enomhlaza nokuqina kwamalungu. Ugqirha wathi, “Akanathuba lakuphila.”

126 Kodwa wathi akungena ngalaa ntsasa, wabona laa mntu wakudala enetyali emagxeni akhe, ehleli phaya, ebetha ngala ntonga incinane, waphantsa washiywa zingqondo. Wathi kuloo mfazi mdala wayehleli apho, wambiza ngokuba ngumhakhulu; emazi, elelinye lamalungu akhe leminyaka. Wathi, “Ukhangeleka umhlophe ngokwekhephu,” ngaphandle kokucinga kwengqondo yakhe.

127 Nangoko, athi aMandla kaThixo akubetha kwelo gumbi, uyaphila ngokuhlwanje. Kwakukwiminyaka emine eyadlulayo ngoko. Indoda eyayisondele kumashumi asibhozo eminyaka ubudala, kwaye nantsi ihleli apha ngokuhlwanje, izezingqondweni ngokupheleleyo iphilile, kumhlaza. ’Yabona, hayi ikholwa lokuzenzisa; ikholwa! Nantso ke, kholwa! Umthabatha uThixo eLizwini laKhe.

128 Kanye into enye nento eyayiyiyo imfama uBhartolomeyu. Imfama, kodwa yayisazi, ukuba yayinokutsala uYesu Kristu ayihoye, yayiyakuyifumana into eyayiyifuna.

129 Laa mfazi wayesazi, ukuba ukuba wayenokuchukumisa ingubo yaKhe, wayeyakukufumana oko wayekufuna—wayeyakukufumana oko wayekufuna.

130 UTom wayesazi. Wayenokholo, lokuba ukuba ndingamthandazela, angakufumana oko wayekufuna.

131 Asilokholo lunye olo nolo uMarta wathi? “Nangoko, Nkosi, nantoni na Onokuyicela kuThixo, uThixo uyaKukwenzela. Umntakwethu ulele phaya ngaphesheya, efile, untuku ne esengwabeni; kodwa Wena cela nje uThixo, kwaye uThixo uyaKukwenzela.”

Wathi, “Umnakwenu uyakubuya avuke.”

132 Waze wathi yena, “Ewe, Nkosi, ngemihla yokugqibela, eluvukweni, uyakuvuka. Ebengumfana olungileyo.”

Wathi yena, “Kodwa ndiM uvuko noBomi!”

“Ewe, Nkosi, ndiyakholwa yiloo nto, futhi.”

“Nimngcwabe phi?” Nantso ke. Kuphelile. Ewe, mhlekazi.

133 Ukumkanikazi waseZantsi wenyuka kweso sizukulwana sabangakholwayo, injalo loo nto, waze wema apho wakholwa koko wakubonayo ukuba kokukaThixo. IBhayibhile ithe, “Uyakuvuka ngomhla wokugqibela, neso sizukulwana, asigwebe, ngokuba weza esuka kwindawo ezikude zehlabathi ukuza kuva ubulumko bukaSolomon.”

134 UMosisi wayelikholwa. Nangona walinga ngobulumko, wayezame lonke icebo awayenalo, kodwa lalingenakusebenza. Wazama ukukhupha uSirayeli, esazi ukuba wayebizelwe ukwenza loo nto. Wazama ngendlela yezibalo. Wazama ngendlela yomkhosi. Wazama ngendlela yemfundo. Wazama ngayo yonke indlela, kodwa yayingenakusebenza. Kodwa ngokwathabatha indlela kaThixo.

135 Kwenzeka ntoni? Kwakukho uMlilo owawusetyholweni phaya phezulu, ngenye imini, owawungesuki. Kwaphuma apho iLizwi lathetha naye, lathi, “NDINGUYE.” Hayi, “Ndandinguye, okanye, ndiyakuba nguye.” “NDINGUYE.” Kwaye Yena usengu “NDINGUYE.” UliLizwi, elinguNaphakade, iLizwi elingenasiphelo.

136 UMosisi akazange athandabuze. Ubunzima obabuchasene naye, nayo yonke indalo eyayichasene naye, yonke into eyayichasene naye. Kodwa, ephethe intonga egoso esandleni sakhe, wehla wathabatha wawelisa sonke isizwe, waya kusirhaxisa kuLwandle oluFileyo phaya, wathabatha uSirayeli wamsa kwilizwe ledinga. Kuba? Wakholwa kuThixo. Kunjalo. Wayeno . . .

137 Nalo ikholwa. Singahlala . . . Ngoku ndihleli isiqingatha seyure sam kumakholwa.

138 Ndineendidi ezimbini ezizezinye. Sizakungxama sifike kuzo, kuba azibalulekanga zona, nakanjani na. Hayi.

139 Ngoko, ngokwesibini, nako kufika ongakholwayo ngoku. Masithethe ngongakholwayo ngokulandelayo. Wenza ntoni ongakholwayo?

140 Siyalibona ikholwa (intoni?) lamkela iLizwi; lonke uhlanga, sonke isizukulwana ukusukela konke emva kuNowa, konke ukunyuka. Singathabatha iinyanga ezintandathu zemvuselelo kanye kuloo nto kanye kuloo ndawo, sinyuke nabo balinganiswa. Bakholwa. Ikhohwa alibuzi. Ikhohwa liyaLikhohwa, nokuba Livakala kanjani na okanye yintoni na enokuthethwa nangubani na malunga naLo, indlela eLikhangeleka lingenakwenzeka ngayo.

141 Ikhohwa liyakholwa kuLo, likholwa (ntoni?) iLizwi. Hayi umgaqo; iLizwi! Hayi imvaba; iLizwi! Hayi oko kuthethwa



ngumntu othile; oko kuthethwa liLizwi! Ngoku, khumbula, likholwa elo. Ikhohwa alibuzi. Ikhohwa alithi, “Ingenzeka njani loo nto? Ukuba ndinokuYifumana icacisiwe!” Ngongakhohwayo lowo. ‘Yabona. Likholwa, elo, akunamsebenzi nokuba Lithini na, “Ukuba LiLizwi, LiLizwi! Yinyaniso leyo.” Likholwa elo.

<sup>142</sup> Ngoku ongakhohwayo. Ngoku siyayibona into... Sizakuthabatha abangakhohwayo. Sifumanisa ukuba baqhuba kakuhle okoko nje bembambazelwa emqolo bebizwa ngokuba ngabadisipile. Okoko nje (bona) yonke into yayilungile, babeqhuba kakuhle. Kodwa xa lo Mprofeti babekhohwa kuye ukuba unguMprofeti, besazi ukuba unguye, wayenokuba baphilisa, njalo njalo, wenza ntoni Yena? Xa iNyaniso yokwenene nokukhalinyelwa kwafikayo, ngokuchaseneyo noko babekhohwa kuko, abazange babenakulithabatha iLizwi.

<sup>143</sup> Baba nokuyithabatha imimangaliso, baza bayenza. Baphuma bakhupha iidemoni, bashumayela iLizwi, babe besengabangakhohwayo. UMateyu 10, Wabakhupha, wabathuma, ngababini ngababini, amashumi asixhenxe, kwaye bakhupha iidemoni ngokokude uYesu avuye, athi, “Ndimbonile uSathana esiwa njengombane eZulwini.” ‘Yabona, bakhupha iidemoni; uYuda ekunye nabo naye. Nabo besiza abangakhohwayo.

<sup>144</sup> Kodwa nje ukuba uYesu aqalise ukuthi Wayenguthile, into Aweyeyiyo “uvuko,” Waye “buBomi.” “Ningathini ukuba nimbonile uNyana womntu enyukela phezulu apho ebefudula Ekhona?”

<sup>145</sup> “Ngoku, le Ndoda izama ukuthi Ivela eZulwini, loo nto iyasongamela. AsinakuYikholelwa.”

<sup>146</sup> Wathi, “Yintoni na? Yinyama le nithetha ngayo, ayincedi nto. NguMoya odlisa ubomi.”

<sup>147</sup> Nantso ke. UMoya uyaliphilisa iLizwi. NguMoya, hayi umgaqo. UMoya, woMoya oyiNgewe, uyaliphilisa iLizwi kuwe, lize liphile, kwaye nalo ke, uyalibona. Ngokholo uyalibona. Uyazi ukuba kunjalo ngokuba iLizwi litshilo, kwaye uMoya uyaliphilisa iLizwi kuwe. Nantso ke.

<sup>148</sup> Ngoku wathi, “Kuyakuthini...” Kwaye nje ukuba siyenze le nto, sifumanisa ukuba, abangakhohwayo, xa uthetha into abangavumelaniyo nayo, bayaphuma bakushiye. “Andingekhe nje!” Owu, oko kuya kuxinana, ehlabathini namhlanje. Qalisa nje uthethe into... .

<sup>149</sup> Bayahlanganisana. Ndiyaziqaphela iinkonzo abahlanganisana kuzo, izihlewe ezikhulu, uze uphakame uqalise ukuthetha into ethile. Ngoku, okoko nje... Kwaye uyakuhlala apho, akhangele, alinde. Ukuze nje ukuba uthi,

“Ngoku, uYesu Kristu uZiqondakalalisile enguMesiya, ngokuba Yena wayenguMprofeti,” laa bhekile seyizele, iyemka. Umntu othile. . . nabo bemka. Yintoni na? Ngabangakholwayo!

<sup>150</sup> Ngoku uthi, “Uyayiqweba nje loo nto.” Andiyiqwebi. Ndithetha kanye nje ngokuchanekileyo oko iBhayibhile ikuthethayo apha.

<sup>151</sup> Babengabangakholwayo, baze baphuma. Nangona babengabadisipile, kodwa ku—kwakuchasene noko. . . Bathi, “Oku, ngubani onokukholelwa yinto enjengaLeyo?” ‘Yabona? BabengabaFarisi nabaSadusi ababephumile, bajoyina bahamba kunye naYe.

<sup>152</sup> Ngokuba, ‘yabona, xa oo—xa okungaphezu kwamandla endalo kubonakalalisiwe, kuvelisa iindidi ezintathu ezahlukeneyo. Kwenza njalo ezantsi eYiphutha. Kwavelisa ongakholwayo, ikholwa, nekhola lokuzenzisa. Kwenza zonke ezo ndidi zintathu. Zibhalwe phantsi nje apha, kangangokuba sibe singahamba nje siqhubele phambili ubusuku bonke, sikucacise, indlela eliyiyo. Kuyo yonke indawo, uyakufumana, uzibona zontathu. Kwahlala kunjalo, ‘yabona, uyazifumana.

<sup>153</sup> Ngoku khangela, la mashumi asixhenxe, ahamba aphuma ngokuba loo Nto yayingavumelani noko babekholwa ukuba kuyinyaniso.

<sup>154</sup> Asinangcinga izayo. Koko Wakuthethayo! Uyakukhanyela okwakhokucinga. Uthetha nje oko Akuthethayo. Kukuvuma ngenene oko. Ukuvuma *Kuthetha* “ukutsho kwaloo nto inye.” Ukuba ndivuma ukuba into ethile yenzekile, ndithetha kwaloo nto inye yenzekileyo. Nalo into oluyiyo uvumo lwenene. “Kwaye Yena nguMbingeleli oMkhulu wovumo lwethu.” ‘Yabona? Ukuthetha kwaloo nto inye uThixo wayithethayo, ‘yabona, loo nto iyenza ibe yinene, kuba uphinda nje iLizwi likaThixo.

<sup>155</sup> Ngoku qaphela, amashumi asixhenxe ahamba aphuma. Enza ntoni? Kwaye a—ahamba aphuma nje ngokuba a—ayengavumelani noko. U—u—ubulumko bawo, u—umanyano lwebandla lwawo lwalanele, yayi—yayiyinto enzima leyo. Yayiyinto enzima kubo ukuba bayicinge, ukuba le Ndoda imi apha, yayiyi. . . Lonke uninzi olulolunye lwabantu lwakukholwa ukuba Lowo wayezelwe ngobugqakhwe. “Wayengenalungelo lakuZibiza ngokuba unguThixo. Kwaye Wayeyindoda nje.” Bathi, “AsiKuxulubeli msebenzi ulungileyo Uwenzayo, kodwa si—siKuxuluba ngokuba Wena, unguMntu, uZenza uThixo.”

<sup>156</sup> Kwaye iLizwi lathi Yena wayenguThixo. “IGama laKhe liyakubizwa ngokuba ngu‘Mcebisi,’ ‘uMthetheli woXolo,’ ‘uThixo Oligorha,’ ‘uSonini Nanini.’” Kwa iZibhalo zabo ababezifunda!

<sup>157</sup> Kwaye kwangaloo mini babecula iNdumiso, iNdumiso yama-22, “Thixo waM, Thixo waM, UNdishiya ngani na? Onke

amathambo am bakhangele kuM.” “Akho nethambo elinye eliyakwaphulwa.” Kwa elo culo babeliphinda phinda etempileni, balixhoma iDini bakhwaza kwa loo mazwi uDavide wawathethayo kumakhulu esibhozo eminyaka ngaphambi koko, kwaye babezimfama kakhulu ukuba bawabone.

<sup>158</sup> Kwaye, namhlanje, kwalo Thixo wathetha ngesi sigaba sexesha ukho esenza kanye oko Yena Wathi kuyakwenzeka, yaye baziimfama kakhulu ekukuboneni. Ngabangakholwayo abo. Baphuma nje bathi, “Owu, andinakholelwa iNto enjengaleyo. Andizange ndiyive loo Nto ebomini bam!” Akwenzi mahluko ukuba yintoni na awayivayo. IBhayibhile yathi Iyakubakho, kwaye iliLizwi laKhe.

<sup>159</sup> Ngebengazange bayive loo Nto, nangoko, kodwa Yona yayikho ngokufanayo. 'Yabona? Injalo loo nto. Babengabangakholwayo.

<sup>160</sup> Kanye njengokuba wayenjalo u-Eva, wayengowenkolo kakhulu, kakade, ngoko, kodwa yena—yena wayengakholwa kwiLizwi leNyaniso. Kwaye kwafuneka ukuba azenzele inkolo, ngoko wenza amagqabi omkhiwane, 'yabona, kodwa akazange asebenze. *Inkolo* ithetha “isigqubuthelo.”

<sup>161</sup> UKayin wenza kwa into enye. UKayin wayengenakuholelwa ekubeni loo Nto yayilungile. Wathi, “UTHixo ungcewele, uThixo usulungekile, kwaye uThixo mhle. Ngoko ndizakuzifumanela iintyatyambo, kwaye ndiyakuthabatha ii—iintyatyambo ndizenzele esihle, esikhulu isibingelelo, kwaye ndi—ndiyakubonisa intobeko yam kuYe. Ndiyakuphakama phambi kwaso, ndiyakuthoba phambi kwaKhe ndinqule laa Thixo. Kwaye ndiyakubeka iintyatyambo phezu kwesibingelelo, ngokuba, uyazi, utata nomama badla ama-apile athile, isiqhamo esithile, emyezweni wase-Eden, kwaye yiloo nto eyandikhuphela ngaphandle. Ke ngoko, ngako, ndiyakubuyela, kuba ndiyakusenza sibe sihle. UThixo akanako nje ukuyala iholo yam enkulu. Kuba, ndiyakuba mkhulu ngaloo holo! Ndiyakuyenza ibentle kangangokuba itsale uThixo ukuba ayinake.” USathana nguye ohlala ebuhleni. Yiloo nto kanye ethethwa siSibhalo.

<sup>162</sup> Naso isizathu sokuba, ngamanye amaxesha, umfazi omhle abe yinto yokuloba kaSathana. Ukuba nje ukhe waba nokumfumana, angajia amadoda amaninzi kakhulu awafake esihogweni kunokuba enokwenza ngazo zonke iindawo zentselo ezikweli lizwe. Injalo loo nto. 'Yabona? Okanye, entle, indoda ethile enkulu entle engenaku—engenakumela ukunyaniseka kobudoda, 'yabona, kwakhona, ingabajika abo bafazi ibase kumtyholi, ize ibathumele esihogweni. Ewe, mhlekazi.

163 Qaphela, uSathana uhlala ebuhleni. Wazama ukwenza ntoni ekuqalekeni? Ukwenza ubukumkani obuthe chatha ngobuhle kunokuba babunjalo obukaMikayeli; wafudukela ngaseNtla, wathabatha isibini kwisithathu seeNgelosi kunye naye.

164 'Yabona ukuba ngokabani—ngokabani na lo nyana ngoko, wayenaloo mvelo kuye? Ngunyana kaSathana. Ngokuqinisekileyo, yayinguye. Ngoku wakha isibingelelo, waza waguqa phantsi wanqula. Wangena kuyo yonke into awathi (uKayin) u-Abheli wayenza.

165 Kodwa u-Abheli wayesazi ukuba yayingeyiyo loo nto. Yena... Yayiligazi elabakhuphayo. Wayesazi ukuba yayililo. Yayikukwazana kwendoda nomfazi, igazi. Ngoko wathabatha isilwanyana esincinane, wanikela sona phezu kolwalwa, wayixabela intamo yaso.

166 Qaphela uKayin, yena... UThixo wamxelela, Wathi, "Kutheni unganquli njengomntakwenu nje, kwaye kuyakulunga kuwe. Kuyakulunga kuwe ukuba uyakuyenza loo nto." Kodwa, hayi, wayesazi kakhulu ngaloo nto. 'Yabona, wala into eyeyakuqala, iLizwi elingqinelweyo. Ukuba leyo asiyilento bayiyo abantwana bakhe namhlanje! 'Yabona?

167 Ngoku khangela, "UThixo wayengqinile," iBhayibhile Itshilo. KumaHebhere isahluko se-4, okanye isahluko se-11, "UThixo wasingqinela isipho saKhe, sokuba wayelilungisa." UThixo wawungqinela umnikelo wakhe. UThixo waqondakalisa ukuba oko yayikuko Awakwamkelayo; yayiliLizwi laKhe elo, icebo laKhe.

168 Kwaye uKayin wamxelela, wathi, "Yenza kwa into enye, uphile." Kodwa ucinga ukuba wayeya kuyenza, wayeyakuyishiya imbono yakhe? Hayi, mhlekazi. Wayengongakholwayo, waze wahamba waphuma nje. Injalo loo nto. UKayin wenza kwaloo nto. UNimrod wenza kwaloo nto. Abangakholwayo! Wayengakholwa.

UBheleshetsare, kwa into enye, nangona, okanye...

169 UNebhukadinsare, nakubeni wayenoDanyeli njengesithixo sakhe, embiza ngokuba nguBheleshetsare, gama elo yayiligama lesithixo, wabona uDanyeli esenza imisebenzi emikhulu kaThixo. Waze wazi ukuba—ukuba uBheleshetsare wayekholwa okanye wayenguthixo, ngoko wenza umfanekiso oqingqiweyo wakhe, wawubeka phaya phandle wenza ukuba wonke umntu awunqule, njalo njalo. 'Yabona, ubukumkani beeNtlanga bangena nokunyanzela unqulo lomfanekiso oqingqiweyo wendoda engcwele, kwaye ubukumkani beeNtlanga buphuma ngokunyanzela ukunqulwa komfanekiso oqingqiweyo wendoda engcwele, 'yabona yindlela enye.

170 Kwaye kwakukho umbhalo oseludongeni, weelwimi ezingaziwayo, ekuqalekeni ubukumkani beeNtlanga,

ekwakungekho mntu unokuwufunda ingenguye loo mprofeti. Kwaye kukho umbhalo oseludongeni namhlanje, injalo loo nto, “U-Ikhabhodi,” wokuba uzuko lukaThixo lumkile kwezo zinto. [UMzalwana Branham uqhweba izandla zakhe kabini—Mhl.] Kwaye umbhalo useludongeni unokufundwa ngengqondo yokomoya ekholelwa kwizinto zomoya, ezelwe ngoMoya kaThixo.

171 UBheleshetsare wakudala uyaphuma ukuze afumane ezi zitya zeNkosi, ukuze asele ngazo iwayini. Kuba? Wayengongakholwayo. Wayecinga ukuba wayelikholwa, kodwa wayengongakholwayo. ‘Yabona, nantso ke, akazange alikholelwe iLizwi.

172 U-Ahabhi, yena wayengongakholwayo, nakubeni wa—wayesenza ngathi wayengenguye. Hayi, hayi, wayephakathi kwabakholwayo, kodwa yena wayengongakholwayo. Wenza ntoni? Watshata umnqulikazi wezithixo, wakungenisa, ukunqulwa kwezithixo, kanye ngaphakathi kwaSirayeli. Wayengongakholwayo. Siyayazi loo nto.

173 Bayaliphika ukuba iLizwi likaThixo lilonke liyinyaniso. Ngongakholwayo onjalo, ‘yabona, ngoku khumbula, ungumhanahanisi. Yaye we—wenza ngolo hlobo, uthi uyaLikhholwa, kodwa uyaLikhanyela. Wathi, “Kulungile, oku kangaka kuLo kulungile.” Kodwa ukuba alilunganga lilonke, ngoko oko kumenza ongakholwayo. Umelwe kukukholelwa isihloko ngasinye nokukrweliweyo konke, nayo yonke into ethethwe Apho. Imelwe kukuba ibe yinyaniso. Ukuba Ayiyonyaniso, ukuba uthi, “Andikhholwa kuloo Nto,” kulungile, ngoko ungongakholwayo.

174 Kukho umfo owathi kum, ngaxesha lithile u—umlungiseleli owathi, “Andikhathali, Mnu. Branham, ukuba bangaphi na abantu onokubavelisa o—othi baphiliswa, andinakukholwa.”

175 Ndathi, “Ngokuqinisekileyo awungekhe, awungekhe ukholwe yiloo nto. Ungongakholwayo. Kwakungenzelwanga wena oko. Kokwabakholwayo kuphela.”

176 Umelwe kukukholwa kuloo nto. ‘Yabona? Kwaye bona abakholwa yiYo. Ngoko xa ubona umntu ekuloo nto, watyapha uPawulos ukuthetha ngabaprofeti, esithi bayakuba “ngabazithandayo, abakratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo; benokumila kokuhlonela uthixo, ukanti bewakhanyela aMandla ako, aMandla eLizwi; kwabanjalo khwebuka.” Qaphela, bayalikhanyela iLizwi lilonke, kodwa ngako konke ukumila bangabenkolo. Bangabangakholwayo liLizwi lenyaniso, nakubeni Lingqinelwe.

177 Konke ukuphumela kwisigaba ngasinye sexesha, uThixo walingqinela iLizwi laba bantu ndithethe ngabo, uNowa, konke ukuhla ukuphumela kuMosisi, nakubo bonke

abaprofeti, njalo njalo. UThixo wathetha ngamandla angaphezu kwendalo wangqinela iLizwi, kanti abo bantu baphuma nje bemka kuLo.

<sup>178</sup> Ke apha ngaba badisipile bemi apho, loo mashumi asixhenxe, ekhangele uYesu esenza izinto Awayezenza, esazi iSibhalo, naYe ebaxelela ukuba eso yayisisigaba sexesha ekwakumelwe ukuba oku kwenzeka ngaso. Kwaze kwathi xa Wathetha into ethile, “Unyana womntu, niyakuthini xa...” Wathi Akuqalisa ukubaxelela ngokuqhekezwa kwesonka njalo njalo, wabheka phambili ebaxelela ngezinto ezinkulu zokomoya.

Baze bathi, “Owu, Lilizwi elilukhuni eli!”

<sup>179</sup> Wathi, “Niyakuthini ngoko ukuba, uNyana womntu, niMbona enyukela eZulwini apho Ebefudula ekhona?” Wathi, “Ingaba yinyama, okanye nguMoya, odlisa ubomi?” ’Yabona?

<sup>180</sup> Ke ngoko bafuduka bemka, bathi, “Owu, laa Nto, hayi, andinakuyikholelwa laa Nto.” ’Yabona? Bahamba nje bemka, eLizwini. Abanakuze bahlale nokuhlalela ukubona oko kwenzekayo. Lowo ke—lowo ke ngongakholwayo.

<sup>181</sup> Bona, benza ntoni ngoko? Sifumanisa ukuba bona, aba bantu, la makholwa, abizwa ngokuba ngamakholwa, kodwa enokumila kwenkolo, baze basilele ukubona iNyaniso eqondakalalisiweyo yeLizwi likaThixo ngokuba Lichasene noko bakukholwayo. ’Yabona?

<sup>182</sup> Akwenzi namnye umahluko ukuba ukholelwa ntoni na, uthembeke kangakanani, ungowenkolo kangakanani, okanye, loo nto ayinayo nanye into yokwenza noko. Ukunyaniseka, kuba, loo nto ayinanto yakwenza noko. Ndikhe ndababona abantu benyaniseke kangako! Ndabona abahedeni betshisa abantwana babo, besondla ngabo iingwenya, oomama neentsana zabo. Oko kungaphezu koko kunokwenziwa nguMkristu. ’Yabona? Ngokunyanisekileyo bayakholwa, ngokunyanisekileyo, kodwa ngokunyanisekileyo bayiphosile.

<sup>183</sup> Abantu bathi, “Kulungile, eli bandla lema!” Loo nto, uphosisa ngokunyanisekileyo, ukuba ichasene neLizwi. “Kulungile, khangela, andikholelwa kwinto enjalo!” Ngoko, iBhayibhile ithe loo Nto yayinjalo, nangoko! ’Yabona? “Andikholelwa ukuba simelwe kukwenza *Oku*.” Andikhathali nokuba ucinga ukuba awumelwanga kukukwenza. UThixo uthe kumelwe kukwenziwa.

<sup>184</sup> “Nantsi imiqondiso eyakubalandela.” Kude kube phi? “Kulo lonke ihlabathi.” Oobani? “Kuyo yonke indalo.” ’Yabona, kuyakwenzeka! Hayi, “Kuyakwenzeka?” Kunyanzelekile ukuba kwenzeke!

<sup>185</sup> Kwaye lo Myalezo weyure sivuyela wona ngoku, uBukho bukaThixo, kumhla wokugqibela, ixa langokuhlwa xa iziBane

zikhanyayo, nezinto ezithe zavulwa, neLizwi lingqinelwe laqondakaliswa ukuba liyiNyaniso; kokubini kwaprofetwa, kwenzeka, kuphumela kuko ngokwenzululwazi nayo yonke into, kuqondakalisa ukuba oku ngu, “Yesu Kristu isekwenguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.” Kwaye, indoda iphume imke kuloo Nto, i—ingongakholwayo. Akukho themba ngayo. Iphelelwe ngamandla ngenxa yamandla kaSathana, ngoko akukho themba kuyo. Akusekho themba ngayo.

<sup>186</sup> Ngoku yintoni leyo? Ikholwa; ngoku ongakholwayo; ngoku udidi lwesithathu, esithetha ngalo, likholwa lokuzenzisa. Nanko ke loo mfo, ikholwa lokuzenzisa! Ngoku, khumbula, phaya ngaphakathi zazimi zontathu. Ngoku, sifumanisa ukuba ngoku, benza kanye njengokuba uyise wabo wenzayo, uYuda.

Kwakukho uPetros nabanye abapostile, amakholwa.

Kwakukho amashumi asixhenxe, abangakholwayo.

<sup>187</sup> Kwaye kwakukho uYuda, owayelapho naye, wayelikholwa lokuzenzisa. Benza ntoni bona? Olu ludidi olubambelela lude lufumane into ethile, isiphene kuLo. Bahlala bekhangelana lonke ixesha ukufumana indawo eziyekeyeke, ‘babone ukuba yenziwa kanjani na, babone ukuba liqhinga na, okanye ngumlingo wokuqhatha. Balindela ukuthengisa. Bakhangele loo nto.

<sup>188</sup> Ongakholwayo, akalindi nokulinda kufutshane. Uyagwetywa liLo, ahambe aphume.

<sup>189</sup> Okholwayo, akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na, uyakholwa liLo, nakanjani na, kuba LiliLizwi.

Nazo iindidi zakho ezintathu.

<sup>190</sup> Ongakholwayo wakudala uyakuphuma, kwinto yokuqala ethethiweyo, akathandi malunga naloo nto. Mzalwana, uyakuzibonakalisa into ayiyo khona ngoko. Ungongakholwayo. UPawulosi wathi, “Baphuma kuthi, ngokuba babengengobethu, indawo yokuqala. Baqala kunye nathi.” “Owu, benibaleka kakuhle; nithintelwe yintoni na?” ‘Yabona?’ “Baphumile, ngokuba bebengengobethu.” Xa babona iLizwi lihamba ngokugqibeleleyo, kuba, bebefuna ukufumana uhlobo oluthile lobuqhinga abanokulusebenza. ‘Yabona?’

<sup>191</sup> Kodwa amakholwa enene akabuzi kwanto. Ibhaliwe eLizwini, kwaye bayakholwa yiYo, aze aqhubele nje. Nako, kuphelele apho. Njalo, kubhaliwe. Ukuba akubhalwanga, kuba, uhlala nje kude kuloo nto, akunamsebenzi nokuba kwenzeka ntoni na. Kumelwe ukuba kube kubhaliwe. ‘Yabona?’ Kwaye bayalibona elo Lizwi libhaliweyo bakholwe liLo. Kwaye babona uThixo ehamba eLizwini laKhe, babone iyure, uMyalezo, ixesha, baze bahambe kunye naLo.



192 Njengokuba benditshilo ngale ntsasa, indlela ekwathi ngayo uPilato wakudala kwafuneka ukuba athabathe inyathelo othukile, ebusuku, enesazela sakhe esihluphekileyo, azame ukuzicoca. Waze, wathi, bethu, xa ngokungathandabuzekiyo wabiza ubusuku bonke, esithi, “A—a—ndi—ndizihlambile izandla zam, ubusuku bonke, kodwa andikaqondi. ’Yabona, azicocekanga. Andinakuze ndiye kuhlangana naYe; ndineGazi ezandleni zam.” Owu, bethu! ’Yabona, musa ukuba nasazela sabutyala ngaloo nto. ’Yabona?

193 Lisezandleni zakho. Inye kuphela indlela onokuLisusa ngayo; leyo, kukuLamkela, kunjalo, ube yinxalenye yaLo. Nantso into eLaphalazelwa yona.

194 Ngoku, ikholwa lokuzenzisa lijikeleza kufutshane lenze nje ukuba libe ngokuhlonela kangangokuba linokuba nako, kodwa emazantsi entliziyweni yalo uzama ukufumanisa ukuba yi—yintoni, wena, uyenza njani na. Owu, ukuba eli lizwe alizaliswanga yiloo ndawo, yabahanahanisi! Ewe. NguYuda lowo. Ngokuchanekileyo nguye. Uyajikeleza, abe yinxalenye yeqela elo; wayengunondyebo, ’yabona, uyema ajikeleze, usoloko olule isandla sakhe emalini. Ungayiqonda loo nto, ngento enye, uhlala njalo eloba imali, abe olule isandla sakhe ngenxa yoku. Kwaye ulikholwa lokuzenzisa. Wenza ngokungathi ulikholwa, kodwa emazantsi entliziyweni yakhe...

195 Nikhumbule, wayengenzi Yesu isidenge. Emva kokuba amashumi asixhenxe emkayo, namakholwa athabatha indawo yokuma yawo; waze Yena wajikela kumakholwa, Wathi, “Kusekho into ethile ngaphakathi kuni,” kuba wathi, “Ndininyule nina shumi elinesibini, yaye omnye wenu ngumtyholi.” UYesu wazi ukusukela ekuqalekeni, kuba Yena wayeliLizwi. Wayeyazi imfihlelo yentliziyoyi.

196 Kwakulukhuni kangakanani! Yima umzuzu nje. Cinga nzulu, ngokude, ngokuthe ngqo! Inokuba kwakunzima kanjani kuYe, ehamba kanye apho, kube kukho indoda eMbiza, “Mzalwana,” esazi lonke ixesha ukuba leyo yayingumlukuhli owayezakuMphazamisa, aMthengise ngamashumi amathathu amaqhosha esilivere. Kwakunzima kangakanani ukugcina loo nto esifubeni kuYe, nabahlobo baKhe behamba apho. NaYe wathi, “Mhlobo,” ebiza uYuda ngokuba ngumhlobo waKhe, “bendingenawe na, lonke ixesha?” Ekwazi oko entliziyweni yaKhe, wabe engenakukuthetha. Wayesazi, ukusukela ekuqalekeni, ukuba yayingubani na oyakuMngcatsha.

197 Nalo elo kholwa lokuzenzisa lilindile nje. Liyakuyicula loo nto, lithi, “Owu, ndiyakholwa *koku*, kwaye ndiyakholwa *koku*, kwaye ndiyakholwa *koku*. Kodwa, owu, uyazi, ndeva umntu othile esithi ngamaxesha *athile-thile*.” Owu, ’yabona, mde nje liqhubela ngendlebe.

198 Ikholwa lenene aliva nto ingelilo iLizwi. Kuphelele apho. Likhangelela nje iLizwi. Alikhangeli zindawo ziyeyekeke. Alikhangeli buqhinga buthile. Likholwa kuThixo, oko kwanele, lihlala nje liqhubela phambili. 'Yabona? Nalo ikholwa.

199 Ongakholwayo uzaliswa nje ngomzuzu, kwaye akanakuhlala ukuze aphulaphule imizuzu elishumi uMyalezo. Umelwe kukuphakama aphume ahambe. Uchasene nomgaqo wakhe, kwaye akangeke nje abe nanto yakwenza nawo kwakhona, ngoko uyahamba aphume.

200 Ngoko, ikholwa lokuzenzisa lihlala kanye apho, laa Yuda. 'Yabona, ngumlukuhli lowo. Leyo yi—leyo yindlavini, ukuba ndinokulithetha igama elinjalo. UYuda, wajikeleza kufutshane. Lixesha ngoku, ngaxesha lithile, lamakholwa okuzenzisa abaluleke kakhulu ebantwini. Injalo loo nto, lamakholwa okuzenzisa, 'yabona. Amanye wawo ngamadoda anamandla, afundileyo, izidanga zobugqirha, ahlawulwa kakhulu, yonke into. Amanye awo angamadoda abalulekileyo, alumkileyo, kanye njengokuba benokuba njalo oonyana bakaSathana.

201 Khangela indlela awathi ngayo uSathana weza apho wavumelana nayo yonke indawana yela Lizwi; ulindele nje ukuba afumanise eyona ndawo abuthathaka kuyo u-Eva, afike kuloo ndawo anokubonakalisa khona amandla okumlukuhla, ukuze amngcatshe. Lowo yayi—lowo yayinguSathana. Kwaye nako apho akhoyo uSathana, ekwimo kaYuda, ngeso sigaba sexesha. YayinguSathana kwesa sigaba sokuqala. Wayeyintoni? Evumelana neLizwi kude nje kubekho into encinane; uzama ukufumana indawo apho anokufumana khona ubuthathaka.

202 Kwaye yiloo nto kanye uYuda ayifumanisayo khona ngoku. Uyakuza kanye enkonzweni, akhangele ejikeleza ade afumane laa ndawo incinane anokuthi, yena, "Owu, nantso ke! Nantso ke!" 'Yabona? "Owu, nantso indlela ekwenziwa ngayo!" 'Yabona? Yiloo nto kanye ngokuchanekileyo.

203 Abaninzi kuni bayakhumbula phaya phezulu ngoba busuku ngethuba laa ndoda yayimi phaya eqongeni. Yayicinga ukuba yayilufundo lwengqondo lokufunda amakhadi okuthandazelwa, nendlela eyayicinga ngayo ukuba yayichanile ngoko. Mzalwana, ya—yayiqinisekile ukuba iyifumene. Yaze yafika. Yayiyebandla elingakholelwayo kwe—kwe—kwezi zinto, kwiVangeli, iVangeli ezeleyo. Yenyuka yeza eqongeni. Ndandidiniwe. Babelungiselela ukundikhupha.

204 KwakuseWindsor, e-Ontario. Ngaphakathi apho, yeza inqumla ivela—ivela e-United States phaya, inqumla kanye eDetroit, eWindsor, kwiholo enkulu.

205 Le ndoda ke yenyuka apho inesuti engwevu, neqhina elibomvu, indoda ekhangeleka inengqondo, isisicicibala. Yeza

eqongeni. Ndaze nda...Yenyuka. Ndaze ndathi, “Kulungile, mandifumane nje isandla sakho.” Ndathi, “Ndidiniwe; ndibone imibono emininzi kakhulu. Mandifumane nje isandla sakho.” A—andizange ndiyiqaphele loo ndoda. Yabeka isandla sayo phezu kwesam. Ndaze ndathi, “Mhlekezazi, akukho nto ugula yiyo. Hamba.”

Yathi, “Owu, ikho, futhi.”

<sup>206</sup> Ndaze ndathi, “Kulungile, mandibone phaya.” Ndathi, “Hayi, mhlekazi, akukho nomqondiso omnye. Hayi, mhlekazi, uyindoda esempilweni.”

Yathi, “Hamba uyokujonga kwikhadi lam lokuthandazelwa!”

<sup>207</sup> Ndathi, “Andikhathali nokuba ubhale ntoni na kwikhadi lakho lokuthandazelwa.” Ndathi, “Andinanto yakwenza nekhadi lokuthandazelwa,” ndingacingi, uyabona. Ndandidinwe ndiphelile. Kwaye bethu...Kodwa ubabalo lukaThixo, uyabona, lwalusekho, ukhumbule.

<sup>208</sup> Ukuba Uyakuthuma, luxanduva lwaKhe ukukukhathalela. Asilolwam; lolwaKhe. Wandithuma Wona. Ndimelwe nje kukuma koko kuyiNyaniso.

<sup>209</sup> Ngethuba uMosisi wayijula phantsi intonga yakhe, yajika yayinyoka, baze abenzi bobugqi benza kwaloo nto inye, yintoni awayenokuyenza uMosisi ngaphandle kokuma apho alindele ubabalo lukaThixo? Kuphelele apho. Yinto enye. Walandela imiyalelo. Kwaye uyazi ukuba kwenzeka ntoni na, akunjalo? 'Yabona?

<sup>210</sup> Le ndoda yathi, “Ngoku,” yathi, “nantso ke. Khangela kwikhadi lam lokuthandazelwa.”

<sup>211</sup> Ndathi, “Ke, usenokuba ube nokholo oluninzi, kunokuba kwenzekile oko,” ndingacinga, uyabona. Ndandigqibile... ndingahoyanga nokuhoya.

<sup>212</sup> Yaza ngoko yakhulula amaqhosa ebhatyi yayo. Yatyhala isifuba sayo yathi, “Nantso ke!” Ibhekisa esihlweleni.

Ndaze ndacinga, “Kuqhubeka ntoni apha?”

<sup>213</sup> Yabhekabheka. Yathi, “Nantso ke!” Yathi, “Niyabubona ubuqhinga?” Nanko uYuda wakho, indoda eyeyenkolo, umshumayeli wehlelo lemvaba elikhulu. Yathi, “Nantso ke! Ndino ‘lungako ukholo.’ Ngoku, uphelelwe ngamandla, akakwazi ukufunda ufundo lwengqondo. 'Yabona, alusaphumi kuye.” Nantso ke isithi, “Asilokholo lwam ukuba lukhulu kangakanani na.” Yathi, “Ndiyibhale kwikhadi lam lokuthandazelwa, ke ngoku akakwazi kuyibamba, uyabona.” Yathi, “Kukuqhatha okuya!”

<sup>214</sup> Ndacinga, “Kuqhubeka ntoni?” Ngoko ubabalo lukaThixo lwehla.

215 Ndathi “Mhlekezazi, kutheni ukuze umtyholi abeke entliziyweni yakho ukuba uzame ukuqhatha uThixo?” UYuda wanamhlanje! Ndathi, “Ungowebandla likaKristu. . .” Uxolo. Kulungile, sendiyithethile. “Ungumshumayeli webandla likaKristu. Ungowebandla likaKristu, usuka ngaphesheya kwiZizwe eZimanyeneyo. Kwaye laa ndoda ihleli phaya phantsi inxibe laa suti iluhlaza zuba ngebala, nenkosikazi yakho nenkosikazi yakhe ehleli phaya, benihleli etafileni phezolo ebinto eluhlaza okwengca phezu kwayo, ya-yandlelwe *kanje*, naze nakufumanisa ngokungathi oku kuku ‘kufundwa kwengqondo’, nabe nizakuza ngokuhlwanje.”

216 Laa ndoda yaphakama. Yathi, “Yinyaniso emsulwa leyo.Thixo, yiba nenceba kum!”

217 Ndathi, “Mhlekezazi, ubhale i ‘TB nomhlaza’ kwela khadi, ngoku unawo. Ngowakho ngoku.”

Yandibamba ngomlenze webhulukhwe, yathi, “Bendinga. . .”

218 Ndathi, “Andinakunceda. Qhubela phambili nje. Oko kuphakathi kwakho noThixo. Uzibhalele ukugwetywa kwakho kanye ekhadini lakho.” Loo nto yamfumana. Kwaba kuphelele apho.

219 'Yabona, abazenza amakholwa, abaqhathi, abazama ukufumanisa undonakele kuThixo neLizwi laKhe. Ngooyuda abo. Ngabo kanye. Uyabona indlela uYuda awaphuma ngayo? Uyabona indlela laa mfo awavela ngayo? Nantso indlela ekwenzeka ngayo ngabazenza amakholwa. 'Yabona, abazenza amakholwa, owu, befunde kakhulu, ngamanye amaxesha, kubekho amanqam amakhulu afikayo phakathi kweLizwi nemigaqo yabo. Kwaye, kuthi kwakubanjalo, bayathengisa ngenxa yehlelo kanye njengokuba umanduleli wabo wenzayo, uYuda. UYuda wathengisa ngenxa yehlelo lakhe; wathengisa uYesu, iLizwi, kwihlelo lakhe, wamngcatsha uYesu Kristu emva kokuba wayebange ukuba uyinxalenye yaloo nto.

220 Abalungiseleli bayangena babange ukuba bazizicaka zikaKristu, lize iLizwi lakuba liqondakaliswe ngokupheleleyo ukuba lingqinelelwe loo mhla, ukuba linguMyalezo waloo yure, baze bathengise ngalo apho ngenxa yodumo, kwihlelo labo; kanye njengokuba uYuda wenzayo, wangcatsha uYesu kubaFarisi nabaSadusi. Loo moya awufi, ngoko ke uphakathi kwamakholwa, amakholwa okuzenzisa, nabangakholwayo. 'Yabona, injalo kanye loo nto, wehla kanye wathengisa uYesu ngamashumi amathathu amaqhosa esilivere; kwaye abantu abaninzi bayakuyenza loo nto namhlanje ngenxa yetikiti lokudla, ngenxa yekhulu elithe chatha leedola ngeveki; kunjalo, bakhanyele uThixo omi phakathi kwabo, owezisa uBomi babo, kwakunye neLizwi elizeleyo.

221 Kwaye bayakuthi, “Owu, ezo ntsuku zemimangaliso zidlule! Okanye, uThixo akaswele nto injengaleyo namhlanje.” ’Yabona? “Owu, ndiyakholwa kuYesu Kristu, uNyana kaThixo! ‘Ah Mariya, nina kaThixo, usikelelwe wena phakathi kwabafazi!’” Zonke ezinye ezi izinto bazicengcelezayo! Kwaye abanye babo bathi, “Ndiyakholwa kwimfundiso yaBapostile. Ndiyakholwa kuThixo uYise, onamandla Onke, uMdali wezulu nomhlaba. Ndiyakholwa kwibandla elingcwele lobuKatolika laseRoma, nazo zonke ezi zinto.”

222 Ndixelele apho abapostile bakhe banomgaqo onjalo khona. Ukuba abapostile babenemfundiso enye, ibhalwe kwiZenzo 2:38, “Guqukani nibhaptizwe, nonke ngabanye, eGameni likaYesu Kristu, ukuze nixolelwe izono, kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele.” Ukuba kukho imfundiso kubo, yayiyiyo leyo. Babengenamgaqo. YayiliLizwi. Yinyaniso leyo. Kuseyinto enye ke. Nanko umgqaliselo wokunyanga isifo sesono, “Kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele! Guqukani nibhaptizwe ukuze nixolelwe izono, ’yabona, naye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele.”

223 Kodwa bayathengisa, njengoYuda. Likhohwa lokuzenzisa ke elo. Abanye babo ngabantu abanetalente ngokukhulu. Kwaye eli kholwa lokuzenzisa, mbeke esweni loo mfo. Ngumfo olumkileyo. Lo mfo mncinane yena uzaliswa msinyane, axhume aphakame abaleke aphume, kwingcaciso nganye encinane angayithandiyo, ungakhe umhoye yena; ungongakholwayo nje, indawo yokuqala. Kodwa xa ubona lo umfo, ikholwa lokuzenzisa, lijikeleza, ’yabona, nguYuda lowo. Nguye.

224 Njengeetalente ezinkulu. Ndizakubiza amagama apha. Ntoleyo, eneneni bendingamelwe kukuyenza, kodwa ndizakuwabiza, nakanjani na, ukuze niyazi le nto. Njengo, Elvis Presley, uRed Foley, u-Ernie Ford, uPat Boone. U-Elvis Presley, umPentekoste; uPat Boone, ibandla likaKristu; uRed Foley, umdikoni kwibandla likaKristu; kwaye ndicinga ukuba u-Ernest Ford ungumWisile. Kwaye bonke abo bantu benezotalente, belumkile, bephaya phandle kumabonwakude. Babe abantu besithi, “Ke, abangobantu bakholiweyo? Bacula amaculo.” Loo nto ayithethi kwanto. Ewe, mhlekazi. Balukuhla ihlabathi!

225 Bazuza ntoni kuloo nto? UYuda wazuza amashumi amathathu amaqosha esilivere. U-Elvis, uthotho lweeCadillac, nekhulu, okanye amabini, ikhulu elinamashumi amahlanu ezigidi zeedollar, okanye isigidi sedola ngamacwecwe nezinto ezilolo hlobo. UPat Boone nabanye babo. Andikhathali nokuba bangabeyiphi na inkonzo, nayo yonke into, bubuhananisi, nayo yonke into, ubuhananisi. Kukuzenza okholiweyo. Imbonakalo nje. Kuba, ubomi babo bubonakalisa loo nto, loo nto ayilunganga. Kunjalo.

<sup>226</sup> Ngoko nabo abo banezootalente ngabaququzeleli abakhulu, ubulumko behlabathi. Bashumayela iVangeli, babanga oko; amadoda alumkileyo, iingqondi. Phulaphula, indoda egeqeshelwe kuloo ntsimbi, ayingomshumayeli. Ingumhlohli. Nantso eyona nkathazo namhlanje, sinabahloli.

<sup>227</sup> UYesu akazange athi, “Hambani niye kubaqeqeshela ukwenza oku.” Wathi, “Hambani niye kushumayela iVangeli, kwaye hantsi imiqondiso eyakulandela intshumayelo.” ‘Yabona? ‘Yabona?

<sup>228</sup> Oko asikokuthi fundela ukuba ngumhlohli onokuma nje, bethu, afake ezo zinto zimbejemeje, ezo zikwenza uzive ngathi uhleli kanye phambi kweNgelosi eyintloko. Asiyiyo leyo. “Benokumila kokuhlonela uthixo,” uyabona, ngumhlohli lowo, asingoMoya oyiNgcwele usebenza.

<sup>229</sup> Umfo omncinane ongayikubazi noo-ABC bakhe, usenokuhla eMandla okholo kwiLizwi; aze enze uMoya oyiNgcwele wenze izinto eyakuthi loo ndoda ingazi nto ngazo, ize izikhanye. ‘Yabona? Nantso ke.

<sup>230</sup> Abantu ababalulekileyo! Ewe, mhlekazi. Ngoko, bangabaququzeleli bokuhlanganisa. Banempumelelo, bayaphumelela, balumkile ubulumko behlabathi.

<sup>231</sup> Kanye njengokuba uSathana wenzayo ku-Eva, lowo mncinane, umfazi ongenakuzinceda. Weza ngqo kuye wazama ukumthengisela kwimbono yokuba uyakuba ngolumkileyo kunokuba wayenjalo, kwaye yiloo nto awayezungula yona. Endaweni yokuhlala kanye noko iLizwi lalikhuthetha, wa-wafuna ukumthengisela kwimbono eyakumenza alumke ngokuthe chatha, waze wayithenga loo mveliso. Kwaye basenza loo nto inye namhlanje. “Ubulumko behlabathi bubudenge kuThixo.” Ewe, mhlekazi.

<sup>232</sup> Hayi, mhlekazi! Owu, bethu, iseyinto enye abathi abaFarisi bathengisa ngayo, benza njalo, ‘yabona, ngobulumko ababebazi. Kodwa, balikhanyele iLizwi likaThixo lilonke.

<sup>233</sup> Xa Lithe ngenene laqondakaliswa laze Langqinelwa kubo, basazama ukufumanisa into ethile, baze bacinge ukuba Lingumlingo. Abazinzanga ezingqondweni zabo. Abakwazi kuLikholelwa. Unokubaxelela nantoni na, baze babuyele emva kwakhona; ungabaxelela nantoni na; ungabaxelela nantoni na, sebuyele emva kwakhona. Kwaye bona nje...Kwaye abanakuLifumana lingene nzulu, uyabona. Kwaye bakhangele; bagade ixesha, indawo ebuthathaka nje. Nantso into abayifunayo.

<sup>234</sup> Yintoni leyo, ukuba bekungekho ngobabalo lukaThixo, zonke iindawo zam ezibuthathaka ngezivelisiwe, ukuba bendinazo. ‘Yabona? Lubabalo lukaThixo, kuba akukho zindawo zibuthathaka kwiLizwi likaThixo; yiVangeli nje ethe

ngqo. Ndihlala ndisithi, nabani na, ukuba undibona ndifundisa okanye ndisenza nantoni na engangqamananga kanye neLizwi likaThixo, yiza kum undixelele. Nantsi into egquma iindawo ezibuthathaka ozama ukuzifumana. Phosa nje amehlo akho kulaa Nto, kwaye akusayi kubona zindawo zibuthathaka, kuba akukho zindawo zibuthathaka.

<sup>235</sup> Ngoku khumbula, uYuda wayecinga ukuba uyifumene. Laa mfo wayecinga ukuba uyifumene. Ngamaxesha amaninzi, bacinga ukuba bayifumene, kodwa kubonakale ukuba akunjalo. Ngamakholwa okuzenzisa ke lawo, abahanahanisi. Bangamashumi alithoba anethoba ekhulwini kwiLizwi, wayenjalo u-Eva, kodwa, amashumi alithoba anethoba nethoba kwishumi; kodwa yayisosinye eshumini esabanga konke ukufa nosizi.

<sup>236</sup> Yiloo nto inye egweba umbutho nezinye izinto, kuba abalithabathi lonke iLizwi likaThixo. Ngamakholwa okuzenzisa. Sifumanisa ukuba kuhlala kunjalo, kodwa beyikhanyela inyaniso, iLizwi elingqinelweyo. Aba bahlala bekho kwisizukulwana ngasinye. Siyabafumana kanye njengoko bebheka phambili, kwaye bangabenkolo kakhulu kanaanjalo.

<sup>237</sup> Ngoku, ndilungiselela ukuvala khona ngoku, kuba sendisithabathile esinye isiqingatha seyure.

<sup>238</sup> UYesu, sifumanisa ukuba Wayala ngokuchasene nale mihla yokugqibela noluhlobo lwabantu, ukuba bayakufana kakhulu nento eyinene, ngokokude eneneni balahlekise nabaNyuliweyo. Yintoni na? NgooYuda abo, a—abantu abahamba nje baphelele apha. Khangela, bona—bona bangakhala nokukhala, bakhwaze, babange ukuba bakhupha iidemoni, nayo yonke into, baze bajike nje bakhanyele iLizwi. Ngokuchanekileyo. Banokumila kokuhlonela uthixo. Banga—banga—bangasondela . . .

<sup>239</sup> Khangela apho waya kufika khona uYuda. UMoya kaYuda wenyuka wangena kwiVangeli, wada waya kufika kwindawo yePentekoste. Kodwa kwathi kwakufika kwixesha lokubhaptizwa kwakhe eGameni likaYesu Kristu, nezinye ezi zinto ezihamba nobhaptizo loMoya oyiNgcwele, wahamba waphuma. Wabonakala into ayiyo. Kwaye loo moya ungaphila kuloo mahlelo ude uyekufikelela kanye kuloo Nyaniso, uze uwe ubuyele emva kanye, njengomoya okubo, abo bandulela ukuza kwabo; kanye njengokuba uYohane wandulela ukuza kukaYesu.

“Ngoku uthi, ‘UYesu wathi bayakusondela kakhulu.’”

<sup>240</sup> Ngoku, “AbaNyuliweyo,” lolo didi olwalunamagama alo eNcwadini, ukusukela ekusekweni, yoBomi, abakholwayo, okanye ekusekweni kwehlabathi, abakholwa lonke iLizwi loBomi. NgabaNyuliweyo abo.



241 Ngoku bakhangele aba bantu. Ngoku, oko ndikuthetha ngentlonipho nembeko, ngothando lobuthixo; ukuba andenzi njalo, mna ndi—ndi—ndiswele ukuya esiguqweni, okwam. Qaphela, uYesu wathi bayakulahlekisa nabaNyuliweyo kanye. Ngoku, ayinakuba ngamaWisile, ayinakuba ngamaBhaptizi; siyazi ukuba angabangakholwayo, indawo yokuqala. Kodwa, ngabo mbutho wakwaMoya abathabathe oko bakungenisa ehlelweni, bakrwela imida yabo, ngaphandle kweLizwi; baze bakrwela umgca babeka umbutho ongowabo, balibiyela ngaphandle iLizwi. Bayakulahlekisa nabaNyuliweyo ngokwabo, kufana ngokugqibeleleyo kangako! Uthi, “Bayakhala. Bayakhwaza. Bayaxhuma benyuka besihla. Babanga iinkonzo zempiliso.” Wenza njalo noYuda, kwaye benza njalo bebonke abo. Bathi bakuphuma, babuya bevuya nayo yonke into, benawo amagama abo ebhalwe eNcwadini yoBomi yeMvana.

242 Kodwa, khumbula uMtshakazi aka—aka—akaveli kwelo qela. Uhamba noXwilo.

243 Kwaye uMgwebo, ugwebo wemiswa, “Zavulwa iincwadi, abangendawo kunye nenye iNcwadi, eyiNcwadi yoBomi, yavulwa,” wabe elapho uMtshakazi ukuze agwebe oko. ‘Yabona? ‘Yabona? “Enye iNcwadi yavulwa, eyiNcwadi yoBomi.” Yayizigusha kwezo kwelinye icala, nebhokhwe kwelinye. ‘Yabona, abantu abafa phaya ngaphesheya, abangazange babe nalo ithuba, ngabo abayakwahlulwa.

244 Kodwa ngoku qaphela, “balahlekise” nabaNyuliweyo kanye, libeke esweni elo qela. Lelo qela eliyakulandela oko, “Ewe, mzalwana. Haleluya! Ewe. Uzuko kuThixo!” Kwaye ezantsi entliziyweni yakho uyabona ukuba bakusebenzela entwenini na; babenawe enkonzweni (kuba?) kukutsala isihlwele, ukuze babancinite yonke intwana yemali abanokuyifumana kubo. Ucinga ukuba andiyazi loo nto? Basenokucinga ukuba andiyazi, kodwa ndiyayazi.

245 UYesu wayesazi, ukusukela ekuqalekeni, ukuba yayingubani umlukuhli. ‘Yabona? ‘Yabona? Kodwa wenza ntoni Yena? Walinda nje kwade kwalelo xesha. Nantso into emasihlale siyenza, lindela kude kube lelo xesha. Musa ukuzishukumisa. Lindela kude kube nguloo mzuzu.

246 Benoku-. . . mila, bahambe oko, lelo qela lilahlekisayo elo. Mkhangele laa mlahlekisi, elo qela lilapho; hayi i—hayi ikholwa, hayi ongakholwayo, koko elo kholwa lokuzenzisa. Owu, bethu! Benza ntoni? Bahlala nje bade bacinge ukuba banokufumanisa into ethile, bekhupha yonke imali abanokuyifumana ebantwini, ‘yabona, baze ke bayifumbe kule mibutho mikhulu; yona ngokupheleleyo ichaseneyo, kwaye bayayazi loo nto. ‘Yabona, bayayazi loo nto.

247 Ayenzi mahluko into oyithethayo. Babayalile njalo abantu babo phambi kokuba uze, “Ningayiphulaphuli laa Nto.”

248 Enye indoda, inobuganga bokuma phaya e-Ohio, kanye xa uMzalwana Kidd wayephilisiwe, yaphuma apho eqongeni, yathi, “Ngoku, uMzalwana uBranham ungumprofeti, akukho mathandabuzo konke, xa ephantsi kwentambiso. Kodwa ngoku,” yathi, “xa intambiso isukile kuye,” yathi, “ningakhe niyikholelwe imfundiso yaKhe, ngokuba Iphosakele.”

249 Kwaye ingazi, ukuba ndihleli kwigumbi lam, iNkosi yandityhilela oko. Ndaze ndahamba kanye ndehlela phaya. Kwaye abaninzi benu babekho. Ndathi, “Ingathini indoda ukuthetha into enjalo, xa iLizwi...” Ngoku, ’yabona, andizange ndithi ndandingumprofeti; nguye owayithethayo loo nto.

250 Kwaye umprofeti, igama *umprofeti*, “yimbongi,” kwiTestamente eNda...Ngoku, inguqulelo yesiNgesi *yomprofeti* ithetha “umshumayeli.” Kodwa *imbongi* yeTestamente eNdala yayiyindoda eyayino “kutolikwa okuNgcwele kweLizwi,” kwaye yayiqondakaliswa ngeLizwi elizakuyo nangokulibona kwangaphambili. Yayiyiloo nto...

251 Ize indoda ibe isithi indoda ingangumprofeti, ize iMfundiso yayo iphosakale? Ukuba elo ayiloqhingana lokwenza imali, yintoni? Iyure isondele apho loo nto iyakuthi iveliswe phandle. Ewe. Kodwa olo luhlobo lwabo, elo kholwa lokuzenzisa, likumbambazele emqolo, likubize “mzalwana,” kanye njengoYuda. Kodwa, khumbula, Wayesazi kwasekuqalekeni. Usazi nangoku. Ewe, mhlekazi.

252 Khumbula, bonke aba baphulaphule eli khasethi, nabo, kunjalo, ukolunye lwezo ndidi. Injalo kanye loo nto. Ngoku sizakuvala. Wonke umntu olapha, okhoyo, wonke umntu ophulaphule eli khasethi; kwaye nangona ngenye imini kuyakufuneka ndilishiye eli hlabathi, la makhasethi ayakube esaphila. Injalo loo nto. ’Yabona? Kwaye ukolunye lwezi ndidi. Unyanzelekile ukuba ube ukolunye lwazo. Ichaneke kanye loo nto. Awunakuyiphapha. Ukolunye lwezi ndidi.

253 Ngoku yintoni? Zibonakalise ngomntu waseBhayibhileni owakholwayo, apho ukholwa khona iLizwi xa Lingqinelwe, njengokuba ndiLiqondakalisile ngokuhlwanje, ukuba lahlala liliLizwi elingqinelweyo njalo, lisoloko lichasene nenkolo edumileyo.

254 Ukuba wawuphile ngemihla kaNowa, ngoku mandibuze nje, wawuyakuba kweliphi icala, kwicala lebandla okanye kwicala likaNowa, umprofeti? ’Yabona?

255 Ukuba wawuphile ngemihla kaMosisi, ngewakholelwayo kuMyalezo kaMosisi emva kokuba waWuqondakalisiwe wangqinelwa nguThixo? Kodwa ngewahamba noKora

noDatan, nabanye, wathi, “Ayinguwe kuphela indoda engcwele. Nabanye abantu banokuzenza ezi zinto uzenzayo, nabo?” ’Yabona? Umelwe ukuba ubengomnye, kwaye unguye, ngokuhlwanje.

<sup>256</sup> Okanye ngewawukunye noDanilyeli, okanye kunye nebandla elaliphaya ezantsi kumgidi kaNebhukadinetsare ababewuqhuba? ’Yabona? Ngewawungaphandle, okanye ngewawuphaya ezantsi kokubalaseleyo ukujuxuza, i—into enkulu ababenayo?

<sup>257</sup> Ngewawukunye no-Eliya, laa ndoda yema yodwa, ibizwa ngokuba, “lixhego eliphambeneyo, indoda elahlekwe yingqondo yayo,” imi apho phezu kwenduli, intloko yayo ibengezela apho phezulu lilanga, inentonga egoso esandeni sayo, isondliwa zintaka, aha, igeza elithile? Okanye ngewawukunye nabapriste nabo bonke abanye phaya ezantsi no-Izebhele, nabo bonke abo bafazi babenxibe ngokwanamhlanje? Wabe u-Eliya emi phaya phezulu, ebakhalimela, kalukhuni kangangoko wayenokuba nako! Leliphi icala engewathathela kulo inkosikazi yakho? Cinga nje. Zifanekise nje ngokuhlwanje.

<sup>258</sup> Ngemihla kaYesu, ngewawukunye nale nkwenkwe yayingenancwadi zabushumayeli? Wayengenamanyano nahlelo lithile. Bathi, “Wawuphuma kwesi phi isikolo Wena? AsinaWe ngokubhaliweyo kwethu apha. Ubufumana njani Wena obu bulumko? Wafunda njani Wena kuba asizange sikufundise ezi zinto? Wapasa kwesi isikolo Wena? Ingaba UngumWisile, umRhabe, okanye umBhaptizi?” Wayengeyiyo nanye kwezo. Injalo loo nto. WayeliLizwi. Injalo kanye loo nto, mzalwana. Uthi. . .

<sup>259</sup> Okanye ngewawukwicala labaFarisi lenkolo yangoku yompriste omdala othobekileyo nokhangeleka elinene elungileyo, nombutho owama ukusukela kwiBhunga laseNicaea, okanye ukusukela oko uLuther walenza umbutho? Okanye uleliphi— leliphi iqela owawuyakuba kulo? Ngewawube. . . Ngowawukweliphi iqela? Ngewemayo neLizwi xa wawuLibona lingqinelwe laqondakaliswa kuwe, LalinguMyalezo walo mhla, okanye ngewawume nebandla? Ngoku zifanekise nje ngokuhlwanje.

<sup>260</sup> Ngewawube lapho kunye nabapostile, ngethuba bambona uYesu nazo zonke ezi zinto zizimfihlelo, ngethuba Wayebahlasela abashumayeli, waze wathi, “Niyindlu yeenyoka”? Abo banyanisekileyo, abashumayeli abadala ababefunde iLizwi. Wathi, “Akukho nto niyiyo niyimiqolomba yamasela, kwaye ni—nizele ngamathambo abantu abafileyo. Akukho nto niyiyo koko niludonga oluqatyweyo.” ’Yabona? “Nzala ndini yamarhamba.” Ngewawume noMfo okrwada olo

hlobo, Owema apho wakhalisa wadiliza? Wathi, “Ngubani kuni onokuNdiyihola ngesono? Ukuba andenzi oko uBawo wathi...”

<sup>261</sup> Bathi, “Musani ukuphulaphula. Laa Mfo unomoya ongcolileyo kuYe. Ushiywa ziingqondo. Uphambene. U—Unomoya womtyholi phezu kwaKhe. 'Yabona? Ngoku, Uyenza njani laa nto, Yena, unomoya womvumisi wezinto ezizayo ngaphakathi kuYe. Uxela... Uyintoni Yena? Unina wamfumana ngaphambi kokuba yena nomyeni wakhe batshate. 'Yabona? 'Yabona? Wapasa kwesiphi isikolo Yena? Asinayo nento enye ebhaliweyo ngaYe ekhe waya kwisikolo solandelelwaniso lwamagama.”

<sup>262</sup> Kwaye nangoko xa Wayeneshumi elinesibini leminyaka, Wamangalisa wabhida ababingeleli, ngeLizwi likaThixo. 'Yabona? Waphuma kwesiphi isikolo Yena? Kwisikolo saPhezulu. 'Yabona? “Xa nithe nambona uNyana womntu enyukela apho Ebevela khona.” 'Yabona, yayisisikolo saKhe eso.

<sup>263</sup> Kodwa ngewema nabapostile, kwiNdoda efana naleyo, ekufikeni kwamanqam?

<sup>264</sup> Okanye ngewathi eneneni wahamba wemka kunye namashumi asixhenxe, uthi, “Ke, siyakubuyela emva kwibandla lethu ukuba indlela yindlela Ozakufundisa ngayo leyo, usithi Wena, ‘unguNyana womntu.’”? Xa, ngaphaya koko, unguBani? Uyintoni? Indoda efana nam, ndidla kunye naWe, ube uzama ukuthi Uyinto ethile. NdiKujongile. Ndizibonile iindawo ezibuthathaka zaKho. Ndikubone Ulila. Ndikubone usenza *oku*, *okuya*, okanye *okunye*. Ndikubone Usiya entlango kunye nathi, nayo yonke enye into efana naleyo ngoku, kwaye Ungumntu nje. Nayo yonke enye into enjengaleyo, kwaye Ungumntu nje. Uze uthi Wehla uvela eZulwini. Loo nto inzima kakhulu kum.” Ingaba ngewahamba kunye nabo? Okanye ngewahamba namashumi asixhenxe? Okanye ngewahamba wabhaka phambili nabapostile bakaKristu?

<sup>265</sup> Ngethuba uMartin oNgewele wazama ukubamba ubhaptizo eGameni likaYesu Kristu, ebandleni, ngethuba wayesazama ukubambelela kwimiqondiso nezimanga nezinto ezinjalo, laze ibandla lobuKatolika layigweba loo ndoda alabinako nokuyiqonda konke, layilahlela ngaphandle, ngewathabatha indawo nomgaqo wobuKatolika, okanye ngewema kunye noMartin oNgewele? Xa walayo ukuxhoma ezi ndidi zemifanekiso eqingqiweyo ya—yabantu abafileyo, aze ayinqule, anqule imifanekiso eqingqiweyo, nezinto ezinjalo, ngethuba wazalayo iimfundiso ezongezelelwayo, wathi, “ILizwi malibe yiNyaniso!” Waze uThixo wamngqinela ngemiqondiso emikhulu nezimanga, nento awazichaza

kwangaphambili zenzeka. Nayo yonke into awayenzayo, wahamba kuMoya kaThixo wakuqondakalisa, kwaye akukho namnye wabo bapriste okanye nantoni na eyayinokwenza into ngaloo nto. Ngewema ngakuye wahamba noMartin oNgcwele, okanye ngewahamba nomgaqo wobuKatolika?

<sup>266</sup> Ngoku iLizwi, ngoku iLizwi likaThixo okanye iimfundiso zebandla, liphambi kwakho. Ungathabatha, wamkele okuziimfundiso zebandla, okanye uthabatha oko kuthethwa liLizwi?

<sup>267</sup> Khumbula, kuzo zonke izigaba zexesha kwahlala kunjengokuba kunjalo khona ngoku. Kuhlala kukho inkolo eyedumileyo phakathi kwabantu, kwaye ihlala injalo iyinto nje echasene neLizwi lenene. Khumbula, ayizange ibe yinto nje evela nje Iphikwe. Owu, hayi. Umchasi-kristu akaliphiki iLizwi. Ngokuqinisekileyo akenzi njalo. Uthi uyaLikholelwa, kodwa nje hayi Lonke ngendlela Elibhalwe ngayo apha. 'Yabona? 'Yabona?

<sup>268</sup> USathana waxelela u-Eva. U-Eva wayekholwa Lilo lonke kodwa laa ntwana incinane wamxelela yona. Balithabatha nje Lonke kodwa ibe yintwana encinane nje. Kusenokuba, "hamba uye equleni," isenokuba yinto eyenye. Hamba uye kuLithabatha, yonke indawana, kanye njengokuba Linjalo *Apha*, 'yabona, kanye njengokuba Litshilo *Apha*. Isenokwenza ukuba wenze imisebenzi yakuqala kwakhona, kodwa koko iLizwi lakuthethayo. Eli ibe liqhinga likaSathana ukususela ekuqaleni kwakhe ukulisebenzisa ku-Eva, ukuba nje angakholelwa intwana encinane yeLizwi.

<sup>269</sup> Kwaye, lihlala njalo lizahlula ezi ndidi zintathu zabantu, iLizwi liyabahlula aba bantu. Kuso sonke isigaba sexesha kwahlala kuyiloo ndlela. Kuso sonke isigaba esathi sakho, kwahlala kunjalo, xa uThixo ethumela into ivele iqondakalalise Lona ngokucacileyo, iLizwi laKhe.

<sup>270</sup> Ngoko kukho abo balandelayo, babanga ukuba bangamakholwa, kwaye bangawo. Kukho abo bangasayi kubuya mva. Bayalikholelwa iLizwi. Okoko nje uhleli eLizwini, bayakholwa Lilo.

<sup>271</sup> Kodwa Lithi lakuphikisana kancinane, akunamsebenzi nokuba uThixo uLiqondakalisa koko bakukholwayo na, bathi, "Ke, a—a—andazi nto ngalaa *Nto*." Ngongakholwayo lowo.

<sup>272</sup> Okanye ulandela nje uze ude ubone ukuba ungafumana ithuba lokuthi na, "Aha, nantso ke!" UYuda oyakungcatsha umntu othile, njengokuba wenzayo yena. "Bendisazi ukuba izakuvela, kungekudala. Nantso ke!" Likholwa lokuzenzisa elo. Yonke, yonke indawana yalo, siyibona eBhayibhileni.

<sup>273</sup> Inkwenkwe encinane ngaxesha lithile, apha ezantsi eKentucky, eyayikhulele ezintabeni, ya—yayingazange ibe

kufutshane kwindawo eyayinesipili. Babeneceba elincinane elalincanyathiselwe phezulu emthini, kodwa yayingazange izibone ngaphambili. Yeza apha eLouisville, kubaliswa njalo, yaze yahlala nodade bonina. Yena ke wayehlala kwelinye lala makhaya mahle, uhlobo lwamakhaya akudala. Bathi bakungena kwelinye la—lamagumbi okulala awayeno—nocango olwalunesipili konke ukunyuka kulo, konke ukunyuka nokuhla kocango. 'Yabona?

274 Wathi ke loo mfo mncinane akuqala ukubaleka enqumla endlwini, wema. UJohnny omncinane wabona uJohnny omncinane. 'Yabona? Waze wazonwaya entloko, noJohnny omncinane osesipilini wazonwaya entloko. Wahleka noJohnny omncinane osesipilini wahleka. Yaxhuma yanyuka isihla, noJohnny omncinane waxhuma wanyuka esihla esipilini. 'Yabona? Yahamba yasondela kakhulu. Yayicinga ukuba yayiyinkwenkwe encinane leyo eyayinokudlala nayo, ngoko yahamba yasondela. Ngokuthe ngqo, yabetheka eglasini. Yajika, babe abazali bayo beyijongile. Yathi, "Mama, ndim lowa."

275 Ngoku khangela *kule Nto*, kwaye ingaba yeyiphi enguwe? Aha. Aha. Ngowuphi *kwaba* Johnny bancinane olinganisa yena? Ngowuphi onguwe, uyabona? Ungomnye wabo.

276 Ngomnye wabo lowo, lowo uyakujika abuye umva, kuthi ngesiphoso sokuqala osifumeneyo, usibize ngokuba sisiphoso. 'Yabona?

277 Silinge ngeLizwi ubone ukuba kunjalo na? Kuba iLizwi liqondakalisa zonke izinto. 'Yabona, ziqondakalalise zonke izinto ngeLizwi. UYesu watsho. Ewe, mhlekazi. "Bambelela koko kulungileyo." Yiloo nto Awayithethayo.

278 Ngoku jonga esipilini seLizwi likaThixo, kwezinye izigaba zexesha, ubone ukuba leliphhi na iqela kula amathathu owawunokubandakanywa nalo. Ngoku cinga nje, ukuba wawuphila ngemihla kaNowa, ukuba wawuphile ngemihla kaMosisi, ukuba wawuphila ngemihla kaYesu, okanye omnye wabo, nokuba yayingowuphi na, cinga nje ukuba leliphhi na iqela owawunokubandakanywa nalo. Yicinge loo nto ngokuhlwanje.

279 Ngoko, ubukho bakho. Ngoko, cinga nje ngoko. Oku kunzulu ngoko. Kwaye musa ukukurheca nje phezulu. Imeko yakho yangoku kanye ikuqondakalalisela ukuba leliphhi na iqela engewaba kulo phaya kudala. Ngoko, ningabagwebi beziqo zenu, oko kuqondakalisa into oyiyo.

280 Mfundisi, mlungiseleli, leliphhi iqela engewawukulo xa uYesu wenza intetho yakhe ekwakunzima ukuyikholelwa? Intoni? Intoni? Emva kokuba Wayeqondakalaliswe ngokupheleleyo ukuba Yena weyeliLizwi, 'yabona, kodwa

nangoko, loo ntetho, anizange nive nto ifana naleyo, “UNyana womntu, niyakuthini na ukuba uthe Yena wenyukela eZulwini apho Ebefudula ekhona?”

<sup>281</sup> Ke wena uthe, “Ke, ndiyazi ukuba Wazalelwa phi na. Ndiyamazi utata waKhe, ndiyamazi umama waKhe, ke naku Esithi Uzakunyukela phezulu apho Ebefudula ekhona.” Loo nto ngeyaba nobunzima kancinane kuwe, ngeyayingabanga njalo, mhlekazi? Aha. Ngeyayinobunzima nje kancinane kuwe; wawungenakuyinyamezela loo Nto. Mhlawumbi kuyinto enye namhlanje. Ngoko khangela kwisipili seLizwi likaThixo ubone ukuba umi phi na. Owu, umlukuhli wabantu, ungakhe uyenze loo nto.

<sup>282</sup> Khangela, ukolunye lwezi ndidi zintathu. Kwimeko yakho kanye ngoku, le meko ikhoyo yengqondo, yokuthi, nina balapha baphulaphuli babonakalayo, nani bakubaphulaphuli beli khasethi, le meko imiyo yengqondo yakho emva kokuphulaphula eli khasethi, iqondakalisa ukuba ukoluphi na udidi. Ikuxelela ngokuchanekileyo ukuba uphi na, ukuba ulikholwa na eLizwini uyakuhlala na naLo, nokuba uyakusuka uhambe uphume na, okanye uvale elo khasethi lithule. 'Yabona, nantso into exelayo, koko ukwenzileyo. Awufuni kuLiphulaphula, uyaLivala lithule, uthi, “Andifuni kuphulaphula loo Nto,” lowo, lowo ngongakholwayo. 'Yabona, awuyi kuma ulivavanye ubone ukuba liyiNyaniso na okanye hayi. 'Yabona? Okanye uyakuhlala nje ujikeleze uzame ukufumana isiphoso esithile kuLo, uze ke ngoko wazi ukuba uphi na, kananjalo. Oko kuyakuxelela.

<sup>283</sup> UThixo makasincede ukuba siLikholelwe sime kuLo, size sithembeke kuLo, size sithobeke iLizwi, kuba Yena uliLizwi. Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

Masithi, masithandaze.

<sup>284</sup> Bawo waseZulwini Othandekayo, kunzima kangakanani, ngamanye amaxesha, ukuzithetha ezi zinto, ube usazi mhlawumbi amashumi amawaka abantu ayakuyiva le nto ekhasethini, njengokuba eyakube ehamba kulo lonke ilizwe nasehlabathini jikelele. Kodwa, Nkosi Ethandekayo, kuyinyaniso, kuyinyaniso kangako. Ndiyathandaza, Nkosi, kuqala coca intliziyo yam. Owu Nkosi, ndivavanye, ndilinge.

<sup>285</sup> Khangela nje ezantsi kum, Nkosi. Ndibuthathaka. Ndi—ndi—ndi...ndi—ndidiniwe. Ndi—ndiphelile. Umqala wam uyatshothoza. I—i—imilebe yam iyo—yo—yo—yomile, ngokunjalo. Kwaye, nomzimba wam uyaphela kukudinwa, ndiyaluphala. Kwaye—kwaye akusayi kuba ngamaxesha amaninzi kakhulu angamanye, Nkosi, mhlawumbi, ukujikeleza okuninzi kakhulu okukokunye kwelanga, ndide—ndide ndi—ndiyakube ndimka.



<sup>286</sup> Kwaye ngoku ndihlole, ngoku, Bawo. Kwaye ukuba—ukuba kukho into ethile endiyenza ngokuphosakeleyo, ndibe ndingayazi, Wena—Wena yityhile nje kum, Nkosi. Wena, Wena ndibonise. Mna, ndilungele ukuyilungisa ngoku.

<sup>287</sup> Ndiyazijonga phaya esipilini seLizwi likaThixo. Ndimi phi? Ingaba ndiyawubona umfanekiso wam ubonakalalisa uYesu Kristu? Ingaba nguloo mntu endimbona esipilini? Ingaba ndibona amakholwa weTestamente eNdala, okanye amakholwa eTestamente eNtsha? Ingaba ndibona ikholwa lokuzenzisa? Ingaba ndizibona njengokholwayo ongayi kuma aphulaphule iLizwi, aze athabathe imbono yehlelo endaweni yalo? Ingaba ndizibona ndijikeleza kufutshane, ndizama ukufumana ikroba elincinane?

<sup>288</sup> Nkosi, ukuba kunjalo, nje—ndicoce nje, Nkosi. Mayithi intliziyo yam icoceke ibe nyulu. Ngokuba, bubomi bam obu, Nkosi, mna...Buthi, ndifuna bulunge. Akukho mfuneko yakukwenza nje ngokusisiqingatha oko, ukuba kukho indlela yokwenza ngenene. Mna, ndifuna kulungiswe kulunge, Bawo. Asikuphela oko, kodwa ndingaba ndikhokelela amadoda kokungalunganga, nabafazi kokungalunganga, nabantu endibathandayo, nabandithandayo; ngoko, ndingaba andilunganga.

<sup>289</sup> Kwaye, Bawo, ukuba kukho nantoni na, ukuba ndicinge ngokuhlwanje ukuba naliphi na ihlelo lenkonzo lilungile; okanye iBhunga leeNkonzo lilungile, ukuba isininzi sabantu silungile; Nkosi Thixo, ndincece ukuba ndibe yindoda ngokwaneleyo, noMkristu ngokwaneleyo, ukuze ndibuvume ubugwenxa bam ndime apha ndithumele aba bantu apho ndicinga ukuba kuyakube kulunge. Ndicoce. Ndenze ndikhangele ndibone. Kodwa kwakufika kwezo zinto, Nkosi, njengokuba ndizibona, benokokumila belikhanyela iLizwi; awunako ukubaxelela Lona, babeke basathi, “Kulungile, Oko akwenzi mahluko. Ku...uThixo akalindelanga loo Nto ngoku.”

<sup>290</sup> NKosi, ndiyakholwa ukuba Wena usekwanguloo Yesu. UsekwanguThixo omnye Owawuhleli unguye. UsenguThixo, kwaye Awuguquguquki. Ndiyakholwa ukuba le Bhayibhile iliLizwi laKho, kwaye ndiyakholwa ukuba Wena neLizwi laKho nibanye.

<sup>291</sup> Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Usiphe uMoya oyiNgcwele waKho, ukuba uphilise iLizwi, ukuze usinike aMandla ovuko; ukuze, ngamhla uthile xa ubomi buphelile, ube Uqgibile ngathi, sibe siyakuvuswa sinyuke siye kungena eZulwini apho sasikhona, kwiingcinga zikaThixo, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Thixo, siphe oko.

<sup>292</sup> Xolela izono zethu, Bawo. Ukuba kukho amadoda okanye abafazi apha, abemi kolunye oluya udidi, ngaphandle

kwamakholwa enyaniso eLizwini, Thixo, coca iintliziyo zawo. Ukuba kukho abathile abaphulaphule ekhasethini, okanye abaya kuphulaphula, ndithandazela ukucocwa kweentliziyo zabo, ukuba uze Uzicoce, Nkosi. A—andifuni kubabona belahlekile. Thixo, ndiyathandaza ukuba U—Usincede ukuba siqonde ukuba okuphosakeleyo okunye a—akusayi kukulungisa okunye okuphosakeleyo. Inye kuphela indlela yokwenza oko, kukuba uthabathe kokubini okuphosakeleyo ukususa endleleni, ulunge. Kwaye ndiyathandaza, Bawo, ukuba Usiphe oko, ngoYesu Kristu iNkosi yethu.

<sup>293</sup> Iintloko zethu zithotywe, iintliziyo zethu zithotywe, ngoku ndifuna ukuma nje imizuzu embalwa.

<sup>294</sup> Xa ndabona umbono wesihogo, ndi—ndiyinkwenkwe encinane, iintlungu ezoyikekayo zaso. Ngoko, ndisenokuba ndikuphosile oku. Oko isenokuba yayikukunxuba nje. Kungenzeka. Andazi. Kukhangeleka ngathi ndandikwindawo ethile. Yayiyinto eyinene kangako.

Ngoko, kungekudala kwithuba elidlulileyo, oko ndithe ndakubona kwingingqi zabasikelelekileyo.

<sup>295</sup> Ngethuba ndandikwingingqi zabalahllekileyo, ndakhala, “Owu Thixo, musa ukuvumela mntu eze apha!” Awungekhe, akukho lwimi lunokukucacisela iintlungu ezoyikekayo zaso. Akukho ndlela kum yakunixeleva. Ukuba ubukholwa ukuba kukho isihogo esivuthayo, esizele ngumlilo nesulfure, loo nto i—ingalidlelo eliluhlaza elinomthunzi ebusweni beentlungu ezoyikekayo zale meko yokulahleka ndandikuyo, nosizi olukhulu olwalu—olwaludibene naloo ndawo.

<sup>296</sup> Kwaye ukuba ndizama ukuthetha kuni ngezinto ezingaphaya kokuqonda komntu, nangoko bendinganakuba nakuyicacisa indawo yabasikeleleleyo, indlela enoxolo ngayo! Ugenakuze ufe, ungenakuze waluphale, ungenakuze ugule; uyakuhlala umtsha, uhlale usempilweni, ungenakuze ufe; uBomi obunguNaphakade, kubutsha obusikelelekileyo, kungekho sono okanye nantoni na eyenye! Owu, akukho ndlela nje yakukuca- . . . kukucacisa, ukucacise.

<sup>297</sup> NoPawulosi oNgcwele ngokwakhe, wathi, “Iliso alikubonanga, indlebe ayikuvanga, akuthanga qatha nokuthi qatha ntliziyweni yamntu,” awunako nokukuqonda; akukho ndlela yakukucacisa, “oko uThixo anako, ekugcinele, abo baMthandayo.”

<sup>298</sup> Ke ngoku, njengokuba oku kuyinyaniso ngokuqinisekileyo, kokubini apha nakubaphulaphuli abangabonakaliyo, sisemfanekisweni apha, ngokuhlwanje, kolunye lwezi ndidi. Kuphakathi kokuba singamakholwa enene. . . Kuvavanye ngeLizwi. Ukuba iLizwi lithethe into ethile, laze ibandla lathetha into eyahlukileyo, ungenza ntoni? Khangela kwisipili

seLizwi likaThixo ubone ukuba umi koluphi na udidi. Kwaye ukuba awukho, ngokuhlwanje, kokubini apha nakubaphulaphuli abangabonakaliyo, ukuba awukho kolo hlobo lukholwayo, ndingakhe ndinikele nje ngelizwi lomthandazo ngenxa yakho ngoku, ukuze ungene kolo hlobo lukholwayo?

<sup>299</sup> Kwaye ungabonakalisa kwaloo nto, ngoThixo; intloko yakho ithotywe, iintliziyu zenu zithotywe, amehlo enu evaliwe, niphambi koThixo? Ngamanye amaxesha abantu baba nokoyika nje kancinane, uyazi, ukuba ukuphakamisa izandla zabo, boyike ummelwane wabo. . . Ntoleyo, bangafanelwanga kuba lolo hlobo, kodwa ba—bamelwe kukukhuthalela ukuma, bathi, “Mna, andilunganga. Andilunganga.”

<sup>300</sup> “Lowo u—lowo usigubungelayo isono sakhe akayi kuba nampumelelo, kodwa oyakusivuma isono sakhe uyakwenzelwa inceba.” ’Yabona? Yintoni *isono*? “Kukungakholwa,” ukungakholwa (entweni?) kwiLizwi.

<sup>301</sup> Ngoku, ukuba awukho kolo didi, kube kukho izinto o—ozibona eBhayibhileni ukuba wena nje ngokulula. . . kwe—kweyakho. . . kwe—kweyakho—ingqondo yakho, u—ungenakuzibona. Uthi nje. . . Uyazi ukuba iBhayibhile yatsho, kodwa nje u. . . Awunakuyiqonda, ube ufuna ukuyiqonda. Yithi, “Thixo, mandibenako oko kuqonda. NdiyakuKuthobela.”

<sup>302</sup> Ungasiphakamisa isandla sakho uthi, “Ndikhumbule emthandazweni sisathandaza”? UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Intle loo nto. ’Yabona?

<sup>303</sup> Kucinge nje ngenene oko, “Ukuba kukho into ethile eBhayibhileni endi—nje—endingayaziyo? Ndi—ndi—ndiya—ndiyoyika ndiyakuzifumanisa ndikwezinye ezi iintlobo. Mhlawumbi ndiyakuzifumanisa ndikumashumi asixhenxe, endi. . . Kukho izinto nje ezithile endi. . . Kunzima kakhulu kum ukuqonda ukuba kukanjani na ukuze—ukuze uThixo enze ezi zinto, Angakho njani na, angayinto enye kanjani na uYesu, zinjani—zinjani na ezi zinto. A—andiZiqondi. Ndifuna ukuZiqonda. Ndi—ndifuna ukukholwa kuLo. Kwaye, Thixo, nceda ukungakholwa kwam. Ndi—ndifuna ukuba yinxalenye yaLo. Ndifuna ukuba ngothabatha inxaxheba kwiLizwi. NdiLifuna ngaphakathi kwam.”

<sup>304</sup> “Ukuba nithe nahlala kuM, naMazwi aM ahlala kuni, ngoko niyakucela enisukuba nikuthanda.” UYohane oNgcwele 15. Siyazi ukuba yinyaniso leyo. Khangela, “Ukuba nithe nahlala,” hayi ngaphakathi nangaphandle, ngaphakathi nangaphandle, koko, “ukuba nithe nahlala kuM,” kwaye Yena uliLizwi, “kwaye Lona lihlala ngaphakathi kuwe, ngoko cela nje oko ukufunayo uyakukunikwa. Niyakuba nako.”

305 “Lowo uwamkelayo aMazwi aM, akholwe nguLowo waNdithumayo, sele edlule ekufeni wangena eBomini.” Kodwa uyalamkela iLizwi, kuqala? Uyalamkela iLizwi, lonke iLizwi, uKristu ewonke? UKristu liLizwi elithanjisiweyo. Yena uliLizwi, lithanjisiwe.

306 UKristu uthetha “uMthanjiswa,” iLizwi elithanjisiweyo laloo mhla, libonakalalisiwe, uMsindisi, uMhlanguli. Nalo ithuba Awayezakuza ngalo, kwaye WayenguLoo mntu uyakuthabatha loo ndawo.

[UMzalwana uBranham unkqonkqoza kambalwa epulpitini.]

307 Ngoku nguMoya oyiNgcwele kwimihla yokugqibela, ozakukhanyisa iziBane zangokuhlwa, ubuyisele uKholo oluthe lwanyathelelwa phantsi, ngamahlelo; ugweba amahlelo ubuyele emva kuKholo lwasekuqalekeni, ngoKholo lwakuqala lweBhayibhile; iBhayibhile yakuqala, ukukholwa lilo lonke iLizwi laYo, ungongezi kulo uze Ulenze lithethe *oku* lithethe *okuya*. Thetha nje lona ngendlela eLathethwa ngayo, uze ufune ukulikholelwa ngaloo ndlela.

308 Ngaba kukho abangakhe baziphakamise izandla zabo, abayakuthanda ukuphakamisa izandla zabo, bathi, “Thixo, ndikhumbule?”

309 UThixo akusikelele, nkosazana. UThixo akusikelele, nkosazana encinane. UThixo akusikelele, nawe. Kulungile. UThixo akusikelele, mfanyana. UThixo akusikelele, dade wethu. “NdiyaMfuna.” UThixo akusikelele, dade, ngapha ngasekunene kum. UThixo akusikelele nawe, emva. “Ndifuna. . .” UThixo akusikelele, nawe mfana. Nawe, dade, ngapha. Wena, mzalwana, ngapha kwelinye icala, iNkosi ikusikelele. UThixo akusikelele emva. “Ndikhumbule, Nkosi.”

310 Ngoku khumbula, awusiphakamiselanga kum isandla sakho; kukuYe. Kanye phaya emva kwam, ngoku, iNKosi iyasibona isandla sakho. Nokuba ndithe andasibona, Yona iyasibona. Iyayazi intliziyo yakho. Iyazi ukuba yintoni na endondoza kuyo. Iyayazi injongo yakho. Iyazi ukuba uqhutywa yintoni na usingise entweni na. UThixo akusikelele mzalwana.

311 Omnye umntu, “Ndifuna ukulikholelwa lonke iLizwi.” UThixo akusikelele. Kulungile. UThixo akusikelele. “Ndincede, Nkosi, ndincede.” INkosi iyazibona izandla zenu. Ewe, mhlekazi. Yiyo leyo. “Ezi zizinto e—endingenakuziqonda. A—andifuni kuba ngongakholwayo. Nangona ndingaziqondi, ndifuna ukuzikholwa, nakanjani na. Ndilungele ukuthi, ‘Nkosi Thixo, ndimlo. Ndifuna ukukholwa. Nceda ukungakholwa kwam, Nkosi.’” UThixo abe nani. UThixo anisikelele. Zininzi, zininzi izandla eziphakamileyo, zibe zisaphakama.

312 Uthi, “Mzalwana Branham, ingaba iyakundinceda loo nto?” Phakamisa isandla sakho kube kanye, ngenene, injongo elungileyo, ufumanise ukuba uyakuziva njani na malunga naloo nto.

313 Ungqinile ukuba kukho into encinane ebomini bakho, uyazi. Kukho into encinane, awufuni ukuba mayibekho, kodwa ikho, nakanjani na. Uyamangaliswa ukuba kungenzeka na oko. “Kwaye, Nkosi, makube lee ukuba ndibe nguYuda. Makube lee ukuba ndibe ndilandela u—uMyalezo, ndithi nje mhlawumbi ndizame ukucinga ukuba ngamhla uthile isiphene esithile siyakubonakala. Owu Thixo, hayi mna. Mandihlale kunye neLizwi laKho nam. ‘Yabona? Okanye mhlawumbi ndibe ngongakholwayo ocinga nje ngokulula, ‘Ke, ukuba—ukuba. . . ke, kutheni bengatsho bebonke nje?’ ‘Yabona? A—andifuni kuba lolo hlobo kanaanjalo. Ndifuna ukuba likholwa. Ndiyakufuna. Ndiyilibona iLizwi likaThixo lale yure. Ndibona uThixo ekuLo. Kwaye, Nkosi, ndenze ndibe yinxalenye yelo Lizwi. Ndenze ndibe yinxalenye yaLo. Ndifuna ukuba yinxalenye yalo.” INkosi ikusikelele.

314 Ngoku masithandaze. Kwaye wonke umntu, uthandaze u—uzithandazele, kwaye ndiza kunithandazela. Benisazi, ukuba ngenye imini siyakuba. . . asiyikuba kunye apha, mhlawumbi okwethutyana. Abanye bethu bayakuthatyathwa, kwaye asisayi kuhlanguana. Baninzi abanye bethu apha, apho, abanye bethu bayaluphala. Abanye bethu, asazi. Nabatsha ngokwabo bayafa. Sifa nokuba sikobuphi na ubudala. Simelwe kukwahlulwa, kwaye le nto imelwe kukulungiswa. Kwaye awunakusuke nje uyifumane ngokuzenzekela, umelwe kukuba uze ngeli thuba usekwingqondo yakho ephilileyo.

315 Uthi, “Kulungile, phambi kokuba ndife nje, ndingaLibona.” Hayi, musa ukuyenza loo nto. Usenokungabikho nakwingqondo ephilileyo yakho ngoko. Usenokufa phambi kokuba ufike ekhaya, engozini. Usenokufa ngokuhlaselwa yintliziyo. Asazi ukuba kuyakwenzeka ntoni na; nguThixo kuphela obambe oko. Ndiyathemba akuyi kubanjalo.

316 Ndikhangele abantu abaphaya ngaphandle, nabo, bephakamise izandla zabo efestileni. ‘Yabona? Ewe, uThixo asikelele.

317 “Ndi—ndifuna—ndifuna ukulunga. Ndi—ndi—ndi—ndifuna ukulunga.” Ke ngoku masilungise, ngoku, kanye ngoku. Nje, ungayilungisa ngexesha elinye, ngokusuka emazantsi entliziyweni yakho, ukuba uthi ngokunyaniseka, “Nkosi Yesu, akunamembenzi nokuba yintoni na, okanye nantoni na ubani ayithethayo, iLizwi laKho liyakuba lelokuqala ebomini bam. NdiLifuna ngaphakathi ebomini bam. Wena uliLizwi. IBhayibhile yatsho, kwaye ndiyakholwa ukuba iBhayibhile

iliLizwi likaThixo. Kwaye ndiyazi ukuba imigaqo neemfundiso, ezithe zabethelwa kuLo, ziLenze layinqumba yobuhanahanisi. Nkosi, ndicoce kwinto enjengaleyo, undenze ndibe ngowaKho ngokupheleleyo. Ndiphakamisela izandla zam kuWe. Ndiphakamisela intliziyo yam kuWe, neZwi lam kuWe, umthandazo wam kuWe. Thixo, yiba nenceba kum.”

<sup>318</sup> Nezendla zam ziphakamile, nazo, Nkosi. Ndicoce, Owu Nkosi, ekungakholweni konke.

<sup>319</sup> Nakubeni Engayi kundinika a—aMandla okuhamba njengo-Enoki ndize ndingabi nakufa, kodwa thabatha nje uhambo ngale njikalanga uye ekhaya naYe; kodwa, Thixo, ndiyakholwa ukuba oko kuyakwenzeka, kokuba luyakubakho uXwilo ngomhla wokugqibela, kwaye umsebenzi uyakunqanyulwa.

<sup>320</sup> Kwaye, Bawo, itsho ikhalenda yethu, ngamashumi mathathu anesithandathu eminyaka ezayo ube umsebenzi uphelile, kwaye kuyakunyanzeleka ukuba Uze ngaxesha lithile phakathi kuyo kungenjalo akusayi kubakho nyama iyakusindiswa. Kwaye sixelelwe, ngabemicimbi yemilibo na—nabantu abanjalo abaphengulula izinto ezinjalo, ukuba ngenene singaphambili ngemininzi, ngeminyaka emininzi kuloo nto, ngeminyaka emininzi ukuba phambili. Basixelela, ngeekhalenda, ukuba siphambili kakhulu kunaloo nto; mhlawumbi kukho ishumi elinesihlanu kuphela okanye amashumi amabini eminyaka eshiyekileyo. Andazi, Bawo. Kodwa ndiyazi, nangokwekhalenda yethu, sesikufutshane.

<sup>321</sup> Ndiyabona ukuba kutheni na zekungabikho themba lishiyekileyo, Nkosi. Kuza i... Ukuba bakhe baqalisa ukukhulula ezo ziqhushumbisi omnye komnye, Nkosi, a—a—akuyi kubakho thafa ladabi. Bayakuthi, bayakutshabalalisana. Kwaye, Nkosi, sijinga phaya, kwaye neBhayibhile ithi amazulu onke nomhlaba ayakutsha ngumlilo. Thixo, ndiyibona loo yure ivela.

<sup>322</sup> Ndinga ngokugetyengwa koMongameli, ndize ndibone enye indoda leyo ingcolileyo ingena, ngaphandle kokuba ivumele umntu ayivavanye, yamdubula, ngobugwinta obuphantsi. Owu Thixo, omnye unetyala kanye njengomnye. Abanalungelo lakuyenza loo nto. Kukungcola kwesethu kanye isizwe, esimelwe kukuba sisizwe soBukristu, ngumzekelo ombi kanjani esinguwo, Nkosi, woBukristu. Sixolele, Nkosi, izono zethu.

<sup>323</sup> Sincede, Owu Thixo, ngakumbi iBandla laKho, abo babhaptizelwe kuloo Mzimba uyimfihlelo kaKristu. Wona, “Ingumoya ovusayo,” Watsho. Njengokuba uNyana womntu enyukele phezulu, ngokunjalo uMzimba waKhe uyakunyukela

phezulu. Kwaye Yena uyiNtloko; iBandla laKhe linguMzimba.” Owu Thixo, yiNtloko ekhokela uMzimba. Kwaye mabuthi uBuntloko beLizwi bukhokele uMzimba kaKristu. Kwaye ndanganga yinxalenye yaloo Mzimba, Nkosi.

<sup>324</sup> Ndithandazela aba baphakamise izandla zabo, nabo bonke abakhoyo nabo bonke abayakumamela amakhasethi. Nkosi Thixo, ndithandaza ngokunyanisekileyo. Bangenise, Nkosi. Khangela ezintliziyweni zabo. Uyazi ukuba bayintoni na. Kodwa, njengesicaka saKho, nde—ndenza izincwino ngenxa yabantu, Nkosi. Ndi—ndiyabathanda. Ndiyabathanda.

<sup>325</sup> Kwaye ndi—ndi—ndizama nje ukwenza oku ngokuba ndive ukuba ngumyalelo waKho ukuba ndikwenze. Ngoko, Bawo, ndimlo, ndisenza okungcono endinako nge. . . Xolela iziphoso zobuthathaka, Nkosi. Ndiyathandaza ukuba u—undiphe amandla, ukuze ndibe nako ukukwenza kucace ngakumbi ebantwini.

<sup>326</sup> Ngoku yiba nathi apha kulo Mnquba, ngokuhlwanje. Khangela ezantsi phezu kwezi, Nkosi, abo bathe baphakamisa izandla apha eMnqubeni. Ndiphengulule, Owu Nkosi, ndivavanye. Ukuze ukuba kukho isiphoso ngaphakathi kum, undihlambulule, Bawo. Ndiphe oko. Hlambulula eli bandla.

<sup>327</sup> Sicoce, Nkosi, ukuba iLizwi liyakwenziwa inyama phakathi kwethu lize laziswe kwihlabathi ngalo mhla. Siphe oko, Bawo. Kuba, ndilinelela, kunye nam, nale ngongoma, kunye naba baphulaphuli, neLizwi laKho nedinga laKho, ukuze kusindiswe imiphefumlo yethu, eGameni likaYesu Kristu. Siphe oko, Nkosi.

<sup>328</sup> Anga aMandla kaThixo angehla phezu kwethu asithambise, konke ukusuka kumlungiseleli ukuya kumgcini-sango, naye wonke umntu okhoyo. Wanga uMoya oyiNgcwele angangena athabathe indawo yaKhe ezintliziyweni zethu, aze athabathe lonke idinga likaThixo alityhile kuthi ukuba iLizwi laKho liyiNyaniso. NgeGama likaYesu ndiyathandaza.

<sup>329</sup> Kwaye ngeli thuba zithotyiweyo iintloko zethu. “Ndinga. . .” Ndifuna umdlali we-organ, ukuba anganako, ukuba asinike isingqi kweli culo, “Ndiyamva uMsindisi waM ebiza. Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela.” *Apho Anikhokelela Khona Ndiyakulandela.*

. . . umsindisi wam Ebiza, (uyintoni Yena?  
LiLizwi!)

Ndiyamva uMsindisi wam ebiza,  
Ndiyamva uMsindisi wam, (ngoko lahla  
imigaqo-mfundiso yakho nezinto ezinjalo)  
Thabatha umnqamlezo ula- . . .

<sup>330</sup> “Lowo ungawuthabathiyo umnqamlezo wakhe aNdilandele iLizwi, akalungelanga kuba ngumfundi waM.”



Apho aNdikhokelela khona (ekubuyisela eBhayibhileni, apho Ayakukukhokelela khona) . . . ndiyakulandela,  
 Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,  
 Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,  
 Ndiya . . . (Ukuba kukuya equleni, eGameni laKhe; ukuba kukuya esiguqweni, ukuya kudela ihlazo lam!) . . . yonke indlela.

<sup>331</sup> [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela u-*Apho Andikhokelela Khona Ndiyakulandela*—Mhl.]


. . . naYe emgwebeni (nguwo khona ngoku)  
 Ndiya . . .

<sup>332</sup> Ukweliphi icala? Ubona ntoni kumfanekiso wakho eBhayibhileni, isipili sikaThixo, ukuba ndiyagwetywa ngoku liLizwi?

Ndiyakuhamba na . . .

<sup>333</sup> “Ndiyakuhamba neLizwi, akunamsebenzi nokuba kundibiza ntoni na oko. Ndiyakungena emigwebeni kaThixo. Ukuba ndimelwe kukuthabatha enye yezo ndawo, ndenze ndibe likholwa, konke ukuhla, iLizwi.”

. . . naYe, naYe yonke indlela.  
 Kuba apho Andikhokelela khona ndi . . .

<sup>334</sup> Ngoku yicinge kwakhona, ngokusondele kakhulu ngoku. “Undikhokela . . .” 

*Iindidi Ezintathu Zamakholwa, Umq. 8 Inani 6*  
*(Three Kinds Of Believers, Vol. 3 No. 6r)*

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe Ngokuhlwa umhla wama-24 kuNovemba, ngowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-1999 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)